


UNGAYAMI

KOKWAKHO UKUQONDA

 Masiqhubeke simile, nje ithutyana ngoku, ukwenzela umthandazo. Bangaphi apha abanesicelo entliziyweni yabo, abanga uThixo angabenzela into ethile ekhethekileyo kule nkomfa? Masithobiseni iintloko zethu ngoku kuYe.

² Bawo waseZulwini, singa ba—banenyhweba abantu ukhlanganisana kunye apha eGameni leNkosi uYesu, kwelikhululekileyo ilizwe apho sinokunqula Wena ngokwenkokeliso yezazela zethu, okwakalokunje. Kwaye siyathandaza, Bawo, okokuba oko kuyakuba njalo ithuba elide. Kwaye ngoku sanga singathatha icham lwalenyhweba esinayo. Kwaye sanga singabeka intliziyo yethu yonke ekukhonzeni ngobu busuku, ukunqula Wena, ukuze kube nokutshiwo, ukuba, “uThixo ebephakathi kwethu ngobu busuku, esikelela abantu Bakhe.” Sindisa wonke umphefumlo olahlekileyo olapha ngobu busuku, Nkosi. Kwaye wonke umgwiliki, banga bangabuyela endlwini kaThixo. Ndiyathandazela wonke umntu ogulayo, anga angaphiliswa, oxhwalekileyo angahamba, noyimpama abone, isithulu sive, indumiso nozuko lunikwe uYesu Kristu phakathi kwabantu Bakhe. Yanga ingakhunjulwa ixesha elide, Nkosi, ngokuba siye sahlanganiselana kunye kwaye sacela eGameni likaYesu ukwenzela ezintsikelelo. Amen.

Hlalani.

³ Nakanjani, ekuzeni eRamada Inn, kusoloko kukhangeleka ngathi kukubuyela ekhaya, ngayo indlela, ngokuba ndibe lapha ixesha elide dendi—ndiyacinga nje baye baqalisa ukundazi. Kwaye ndiyavuya ngoko, ngokuba ndifumene iqela labantu abalungileyo kwezi Ramada Inn’s. Enye eTucson nanye apha, bezinobubele kakhulu kuthi, zasivumela ukuba sibe neenkonzo. Kungekudala kakhulu, ndibe nenkonzo eyeyam, ezantsi eRamada Inn, kwaye umphathi ebengayi nkqu nokundivumela ndihlawule imali yoqeshiso lwesakhiwo. Kulunge kakhulu oko. Ndiyakhumbula oko xa ndinqumla amazwe, nam, ngoku, abo balungileyo kwabendlu kaThixo.

⁴ Ngoku sibe, kusukela ebusuku ngeCawa, okanye iCawe emva kwemini, gxebe, amaxesha amakhulu athile eNkosini, okanye ebuncikaneni ndibe nawo. Ndiye ndaba nexesha elimangalisayo ndonwabele iintsikelelo Zakhe, nobudlelwana bukaMoya oyiNgcwele kunye nabantu Bakhe.

⁵ Ndi—ndithanda ukukhumbula, okokuba, ngokuhlengeneyo sinqula uThixo. Usisibonakaliso sikaThixo, inxenye kaThixo,

xa usiba ngunyana nentombi kaThixo. Kwaye uThixo ukuwe, evumela intando Yakhe, ukuba uyakumvumela Yena ayenze.

⁶ Ke siyathemba, ngobu busuku, okokuba wonke umntu uyakulibala malunga nezinto ebeziyiyo ezintsukwini, nokubeka yonke into ecaleni, kwaye nje sibeke iintliziyo zethu kanye enkonzweni ngoku; hayi kuphela kobu busuku, kodwa kule izayo inkomfa. Akukho ntandabuzo abaninzi abameli bahlangene. Ndiyababona abanye babongezelekileyo ngobubusuku eqongeni, behlanganiselene inkomfa eqalisa ngomso. Kwaye ndicela abantu abalapha ngenxa yemvuselelo esisandula ukuba nayo, okokuba, ukuba konke kunokwenzeka, ndinqwenela beninokuhlala ngokungaphezulu ngenxa yenkomfa. Sizakuba nezilungileyo izithethi eziseluhlwini. Omnye umzalwana akabanga nakho ukuza, kwaye, kodwa sinabaninzi abazakuba lapha ukuthatha indawo yakhe. Ndifuna ukuba kwepheleleyo inkomfa buqu, ukonwabela obu budlelwana.

⁷ Niyazi, sifika apha singabalungiseleli, size sithethe, kwaye sisoloko sinikeza ebantwini yonke into engaphakathi kwethu. Ndishumayele umxholo ngelinye ixesha, apho uYesu wathi, “Gqalani inyibiba, indlela ezinga—ezingabulaleki nezingasonti ngayo, kodwa nakuba kunjalo nditsho kuni ukuba uSolomon kulo lonke uzuko lwakhe wayengahonjiswanga njengenye.” Kwaye ndifumanisile, inyibiba kufuneka ikhule, imini nobusuku, isonte, ibulaleke, kwaye izenze iqaqambe. Kodwa ayifumani ntsikelelo ngokuphuma kulonto, ngokunokwayo. Iyazivula, kwaye—kwaye umdluli ngendlela anukise isiqhlo kuyo. Inyosi ifumana ubusi kanye okuphuma entliziyweni. Inikeza yonke into eyisebenzeleyo ukuyingenisisa. Kwaye ndibize umyalezo wam, *Mfundisi Mnumzana Nyibiba*, olo luhlobo olungaqhelekanga lwesiqendwana.

⁸ Kodwa—kodwa injalo, abalungiseleli bayazinikezela ebantwini, kwaye kulungile ngoko nje ukuhlala phantsi uze—uze uphulaphule kwabanye. Nje ngokufudumeza ngomlilo, siyakuthanda ukuhlala phantsi kwedangatyelomlilo womnye size sifudumeze iintliziyo zethu ngeVangeli abathi abazalwana bethu bayishumayele ebantwini. Kwaye ndinombulelo wokuba nalo eli thuba lokwenza lonto. Kwaye ngoku ndiyathemba ngobu busuku . . .

⁹ UBilly undixelele ukuba unikeze ngamakhadi okuthandazelwa, ngako konke. Kwaye besingenakho ukwenza umgca wokuthandazela apha ukuba besifanele. Yabona, bekuya kufuneka uphumele ngaphandle ujikele ngokuhamba phaya, kunye nokuhamba kwihlobo elimnyama, uze uze ngale ndlela. Ubuya kukhubeka kwinto yonke, ukuze ungene apha. Kwaye abaxhwalekileyo nabakhubazekileyo bebeyakuba kwisimo esibi, ekuyenzeni.

¹⁰ Kodwa asikwazi oko iNkosi yethu engakwenza. Ingawela kanye phakathi kwethu, ngobu busuku, ize—ize iphilise wonke ubani okhoyo apha, sonke isigulo. Owu, ndingakhetha ukubona okuya kunayo yonke imigca yokuthandazelwa endakhe ndaba nayo ebomini bam, nje—nje ukubona ukuzimela geqe kukaThixo kusiwela phakathi kwabathobelayo abantwana Bakhe. Nda—ndasoloko ndikuthanda okuya.

¹¹ Ngokwasesiqhelweni, ukuba unoqhagamshelwano buqu kunye nabantu, nje ngokubekwa kwezandla, kunokwenzeka, andicingi ukuba abaninzi bebeyakukwenza oko, kuhle, bebeya kuthi, “*Othile-thile* umlungiseleli ubeke izandla zakhe phezu kwam, kwaye, uzuko kuThixo!” Oko kwenza abantu bajonge kula mlungiseleli ngoko.

¹² Kodwa ukuba ungema nje apha, ushumayele iLizwi, uze uvumele uMoya oyiNgcwele uphilise wonke ubani, ngoko apho ngokuqinisekileyo nje lubabalo lukaThixo. Aze emva koko uThixo afumane yonke indumiso, uzuko. Akukho sithunzi santo somnye ongomye. Leyo yindlela mna, kulungiselelo lwam, isizathu ndingafikeleli kwabaninzi, ngaphandleni...Ngoku, phezolo, sizamile ukuthandazela abaninzi kangangokuba besinokuba nako. Kodwa ukubeka izandla...

¹³ Kuqhele ukuba sebusuku, nje mhlawumbi uMoya oyiNgcwele uze kanye phakathi kwethu kwaye uye ekubonakaliseni Yena, Ezazisa phakathi kwethu. Kuze emva koko ngokuya, ndiyacinga, kuyinene, xa Yena mhlawumbi ekuzimeleni geqe, yabona. Andinakukutsho ngoku, “*Le* ndoda, okanye *lo* mfazi, okanye *laa* mntwana,” yabona. UMoya oyiNgcwele uyahamba hamba esakhiwo uze uthethe nakubani lowo Uyakuthetha kuye. Yabona, oko kuzimela geqe. Kwaye emva koko oko kuzisa ulwazi, ngokuba sisithembiso sikaThixo, kwaye oko kuzisa ulwazi lukaThixo ozimele geqe, kwaye kananjalo kuzisa uBukho Bakhe ezantsi phakathi kwethu. Kufanele siyibone size sivuye! Kwaye nokuba...

¹⁴ Uthi, “Kulungile, ndandikhubazekile esandleni sam. Bendiphaya phezolo. A—a—andikhange ndibe ngcono.” Oko akunanto yakwenza nayo. Kuwe, sele kugqityiwe. Akujonganga esandleni sakho ngoko, ujonge kwisithembiso, uyabona. Kwaye ngoko ke, akunakuthi, “Ke, uMzalwana *Zbani-bani* akathandazanga umthandazo wokholo, okanye uzbani-bani.” uBukho beNkosi obukunika ukholo, uyabona, kuze emva koko Wathumela iLizwi Lakhe waze wabaphilisa.

¹⁵ Ngoku, kubusuku obugqithileyo nda—ndaphule isithembiso sam kwakhona. Ndizakuzama ngokuqinisekileyo ukusigcina ngobu busuku, ukuba ndinganakho. Kwaye ngoku umntu othile uthi, “Akuhlalanga kwisiqendwana sakho phezolo.” Hayi, a—andiyezanga; ngokuba, ndizakuxelela kutheni.

Bendizakushumayela kumxholo, ngoku ndilibele nje oko, *Kodwa UThixo Usisityebi Ngenceba.*

¹⁶ Kwaye ndafikelela ekuzameni ukucacisa indlela awathi uPawulosi, ethetha phaya, wathi, “Thina ebesifudula sikumaxesha agqithileyo,” ngelinye ixesha, ngelithile elingelinye ixesha kunangoku, “sasifile, kwaye sisesonweni nasebugwenxeni; athe uThixo wasidlisa ubomi, wasivusa.” Ngoku, yabona, ngaphambi kokuba nantoni ingadliswa ubomi, kufanele kubekho into ethile phaya engadliswa ubomi ngayo. Injalo lonto.

¹⁷ Ke, niyabona, ukuba nanisekwazini kwangaphambili kukaThixo, ngoko ke niba yinxalenye kaThixo. Kwaye kuphela kwendlela unokuba ngunyana kaThixo okanye intombi kaThixo, kufanele ube yinxalenye kaThixo, kwaye uThixo akagqibelelanga ngaphandleni kwakho. Kufanele ibe njalo. Injalo lonto, kuba kukho Omnye, omnye kuphela umthombo woBomi obunguNaphakade, kwaye obo nguThixo, kwaye Yena yedwa unoBomi obunguNaphakade. Yabona? Ngoku, kwaye wawuyinxalenye Yakhe, kangangokuba usisibonakaliso, okanye ekucingeni Kwakhe ekuqalekeni. Kwaye oko, ngokuba Wacinga ngawe ekuqalekeni, inika okwa kuxhuzulela kuYe kuncinci. Oko koko kufuneka kudliswe ubomi. Abanye babo abasokuze badliswe ubomi; abanayo nje, yilonto.

¹⁸ Nje ngokufana nokuba ubeka ukhozo lombona emhlabeni, lungenayo. . . Nokuba beluluhle kangakanani, ukuba belingenambewu yobomi kulo, alunakho ukudliswa ubomi. Kodwa imbewu yobomi kufanele ibe phaya kuqala.

¹⁹ Kwaye ndifumane ela balana lincinci malunga nolwa khozi, luhamba nezikhukhukazi neenkukhu ngokuba lwaqanduselelwa ngaphandle kwaye lwazalelwa phaya, kodwa zange laziva lifana nazo eza nkukhu. Kwaye, niyazi, xa unina wezayo wakhwaza, weva ilizwi elavakala lilunge kakhulu kuye, ngokuba, khumbulani, yayilikhozi, into yokuqala. Kwafanela nje eze kuzifumana, ukuza kufumana indawo yakhe.

²⁰ Leyo yindlela lonke ikholwa eliyiyo. Wawungazalelwanga elihlabathi. Wadalelwa kumfanekiso kaThixo, ukuba ngunyana kaThixo. Kwaye akungowale yadi yeenkukhu phaya phandle. Ulikhozi.

²¹ Kwaye uyazi, ndifike kweliya “khozi” kwaye andibanga nakho ukubuyisela iinyawo zam emhlabeni, ke ndiye nje. . . Ndimke kakhulu, ndaza emva koko ndalibala besiyintoni isiqendwana sam, ndalahlekelwa yimibhalo yam nayo yonke into engenye. Bendinexesha elibi kakhulu. Kodwa yilonto bekuyiyo, bekukwela “khozi” nje.

²² Ngoku langa ela Khozi, uThixo! Niyazi, uThixo ufanisa abaprofeti Bakhe kumakhozi. Kwaye Uzibiza Yena uKhozi; NguYehova iKhozi, Tata uKhozi.

²³ Kwaye isizathu Ekwenza oko, ikhozi lingabhabhela phezulu kunayo nayiphi enye intaka ekhoyo, kwaye ngokuba yenziwe hlukileyo kuyo nayiphi enye intaka. Ngoku, alakhi indlwana yalo emhlabeni njengeenkukhu nanjalo njalo, kodwa liya phezulu ukuya kwakha indlwana yalo.

²⁴ Kwaye enye into, yokokuba, iyintaka eyakhiwe khethekileyo. Ngoku ukuba i—ukuba ukhetshe, okanye unomnyayi, okanye isangxa, okanye nayiphi engenye intaka ingazama ukulilandela ukunyukela ezulwini, iyakuphasalaka; ayenzelwanga lonto. Kufanele ibe, ngumntu okhethekileyo wokuya phezulu phaya. Amaphiko alo aqinile kunayo nayiphi enye intaka.

²⁵ Kwaye—kwaye amehlo ayo abukhali kunayo nayiphi engenye intaka. Kwaye ngakumbi linyukela phezulu, libona mgama ngakumbi. Kulungile, ezinye zeentaka, xa zifikelela phezulu njengoko kufanele zenze, ziyamfameka nje zibe nje ngelulwane. Kwaye leyo yindlela nge. . . Kuhle, xa beshiya la mvumo-nkolo, abazinto malunga naLo ngoko. “Imihla yemimangaliso idlulile,” kutheni? Abanakho ukuLibona.

²⁶ Kodwa amakhozi angaya emazulwini, nakumazulu eZulu phezulu phaya. Kunceda ntoni ukunyukela Phaya ukuba akunakubona? Owu, ndivuya kakhulu ukuba ngomnye wabo, nokubandakanywa nabo kwindlwana ezeleyo yawo ngoku.

²⁷ Mesityhile kwiTestamente Endala, kwiNcwadi yeMizekeliso, ebhalwe nguSolomoni, enye yawona azizilumko amadoda ehlabathini, ngaphandleni kweNkosi yethu uYesu. Kodwa Wayengekho twatse njengoSolomoni, kangangokuba uSolomoni wayeyindoda ezelwe ngumfazi kwaye wayezelwe ngutata wasemhlabeni, uDavide. Kodwa uYesu wayenguNyana ozalwe yintombi enyulu, kwaye wayengenguye konke konke umntu; kodwa EnguThixo, uMntu-Thixo, kwaye Wayengaphezulu kunomntu, WayenguMntu, nangaphezulu. Yabona? Kodwa uSolomoni wayengumntu nje njengawe nam, kwaye wacela ubulumko kuThixo, ukulawula ubukumkani bakhe. Kwaye wayenesipho sobulumko, eyona ichubekileyo indoda esakhe sayazi ngaphandleni kweNkosi yethu. Wabhala iMizekeliso, kwaye ndiyacinga ilunge kakhulu.

²⁸ Kwaye sizakutyhila ngoku eNcwadini yeMizekeliso, isahluko so-1, kunye, okanye se-2 isahluko, gxebe, kunye nemiqolo embalwa yokuqala yeMizekeliso, ye-2, ukuqalela ngo-1. Imizekeliso isi-2, ukuqalela ngo-1, inkqubekeka kaSolomoni ecebisa oonyana bakhe, “Nyana wam, ukuba uyakwamkela. . .” Ndiyaxolisa.

²⁹ YiMizekeliso isi-3:1. Ndiyaxolisa. Ndijonge ngaphaya kwi—kwincwadi yam, kwaye ndiyabona yiMizekeliso isi-3 endaweni yo-1 okanye isi-2. Ndiyaxolisa. Imizekeliso isi-3:1.

Nyana wam, musa ukuwulibala umyalelo wam; kodwa intliziyo yakho mayiyibambe imithetho yam:

Kuba imihla emide, nobomi obude, noxolo, ziyaku . . . ziyakongezelelwa kuwe.

Inceba nenyanyiso mayingakushiyi: zinxibe kuwe emqaleni; zibhale emacwecweni entliziyi yakho:

Ubabalwe ube nengqiqo entle emehlweni kaThixo nawabantu.

Kholosa ngoYEHova ngentliziyi yakho yonke; ungayami kokwakho ukuqonda.

Uze umazi yena ezindleleni zakho zonke, wowulungelelanisa umendo wakho.

³⁰ Owu, ndicinga eso sesona Sibhalo sihle kakhulu! Ngoku ndifuna ukuthatha okwesiqendwana, som—mqolo wesi-5, *Ungayami Kokwakho Ukuqonda.*

³¹ Ngoku esi sesi—sesingaqhelekanga isiqendwana kwimini esiphila kuyo, ngokuba ugxininiso namhlanje ngokuqinisekileyo lulele phezu kwemfundo naphezu kokuqonda kwethu izinto, umhla wo—wokufunda. Kodwa siyafumanisa apha okokuba le ntetho ingaqhelekanga, njengezinye iZibhalo, inendawo yayo, kwaye siyathemba ukuba uThixo uyakusivumela sibone apho ikhoyo indawo.

³² Namhlanje sithumela abantwana bethu esikolweni, ukuze babe nokuqonda. Emva koko bagqithe kwizikolo zegrama, sibathumela esikolweni samabanga aphakamileyo ukuze babe nokungcono ukuqonda kolwazi. Emva koko bayagqitha apho, abanye abantwana baba kwanethamsanqa ngokwaneleyo lokuya kwanokholeji, baze bagqithe kwanokholeji ukugqiba imfundo yabo nokuqonda kolwazi lwabo. Yinto abafumana yona ngayo . . . Amatyeli amaninzi, ukufumana umsebenzi, kufuneka ubenayo ubuncinane ukuqonda ngokwemfundo yamabanga aphakamileyo, okanye imfundo yakwanokholeji, okanye nanjalo njalo.

³³ Nakubeni kunjalo, uSolomoni olumkileyo wasixelela ukuba, “singayami kuyo, hayi kukuqonda kwethu; sukoyama ngezo zinto.” Ngokuba, siyamangala kutheni ebeyakutsho into enjalo enjenga lena, kuba kungokuba ngokwasesiqhelweni ukuqonda kwethu kwalemihla kusoloko kububulumko bomntu, ntoleyo ichaseneyo eLizwini likaThixo. Ndicinga yilonto laaSolomoni wayezama ukucebisa oonyana bakhe, yayingekuko ukuba liqaba, kodwa ukungayami kokwabo ukuqonda.

³⁴ Kwaye ndiyacinga iyakuba yintshumayelo elungileyo namhlanje, ukuba sithe koonyana bethu nakoonyana bakaThixo, ukuba, kulunge konke ukuba nemfundo, akukho nto ichasene nokuya; kodwa xa la mfundo ichasene neLizwi likaThixo, ngoko yoyama eLizwini uze uyeke imfundo yakho ihambe, yabona, ngokuba, iLizwi. Kwaye imfundo iyakuma kwaye iyakukunika umsebenzi olungileyo, mhlawumbi ukuma

kakuhle phakathi kwabantu abakrelekrele, kodwa, oko konke kulungile, ntoleyo mhlawumbi ingaba luncedo olukhulu kuwe, ikuncede kwezezimali zakho neyakho—neyakho intlalo, uphile mhlawumbi ngokungecono kwakho.

³⁵ Kodwa khumbula into enye, nyana wam, kufanele ufe. Akukhathaliseki ingakanani imfundo onayo, ingakanani inkcubeko onakho ukuyifumana, kufuneka ujongane nokufa, ngokuba kubhaliwe, okokuba, “Abantu kufanele bafe, kuze emva koko nguMgwebo.” Kwaye uThixo, xa... Ukufa asinto imbi kakhulu, kodwa ukuza eMgwebeni yindawo embi. Ngoku, ungafa, “kodwa emva koko uMgwebo.” Kwaye uThixo akazukubiza kuwe singakanani isikolo owawunaso xa wawusemhlabeni, lungakanani ulwazi olufumeneyo, okanye unayo iBachelor yoBugqi, okanye nasiphi isidanga owawunokuba siso, nkqu nokuba ungumlungiseleli. Ayizukufunwa kuwe.

³⁶ Kodwa izakufunwa, kuwe, oko ukwenzileyo malunga nokuqonda iLizwi likaThixo. Apho kulapho ukufunwa kuzayo, ngenxa Yoko. Imfundo yakho ilungile, kodwa iLizwi likaThixo buBomi. “ILizwi laM libuBomi,” kwaye ukwazi Lona buBomi. Kwaye Yena, Wathi, “Yazi Yena.” UliLizwi. Kwaye ungamazi kuphela Yena ngeLizwi, kuba Yena liLizwi. Leyo kuphela kwendlela oyakumazi ngayo Yena, kungeLizwi Lakhe.

³⁷ Umntu othile angenyuka athi, “*oku* nguThixo,” okanye “*okuya* nguThixo,” okanye “*oku* nguThixo,” okanye “*oku* kulungile,” kwaye “*okuya* kulungile,” kodwa sibuyela emva eLizwini, ntoleyo iyiNyaniso.

³⁸ Kwaye iLizwi lifana nje ne—nenkwenkwezi yaSentla, yinkwenkwezi eyinyaniso. Akukhathaliseki yeyiphi indlela ihlabathi elindandela kuyo, laa nkwenkwezi yaSentla ingqamene nombindi nomhlaba. Ujongisa ikhampasi yakho kwinkwenkwezi yaSentla. Isoloko isembindini womhlaba. Ezinye iinkwenkwezi zindanda kunye nehlabathi, kodwa inkwenkwezi yaSentla ima ngxixi.

³⁹ Ngoku ikhampasi nguMoya oyiNgcwele, kwaye (yona) esakho—esakho isibonda sokubophelela iyakuba yiNkwenkwezi yaSentla, ke uMoya oyiNgcwele uyakusoloko walathe ngaseLizwini. UMoya oyiNgcwele awusokuze ukukhokelele nakweyiphi enye into kuphela iLizwi likaThixo. Ke ingathini indoda ukwamkela imvumo-nkolo, ngelixa ichasene kwiLizwi, ize futhi ithi inoMoya oyiNgcwele? UMoya oyiNgcwele uyakukwalathisa kude kulanto. Ithabatha uMoya oyiNgcwele ukukwalathisa eLizwini, kuba Yena uliLizwi. UliLizwi, kwaye kuphela Linga... Njenge—njengemagnethi kwikhampasi imiselwe ukujonga kuphela kwiPali yaSentla, leyo kuphela kwendlela enokutsala ngayo. Kwaye xa uMoya oyiNgcwele unguMqambi noMbhali, noMdlisi-bomi weLizwi,

Ungamolathisela njani umntu nakweyiphi into engenye kuphela eLizwini?

⁴⁰ Ke xa umntu esithi banoMoya oyiNgcwele, aze amkele into echasene neLizwi, ibonakalisa oko banako asingoMoya oyiNgcwele wokwenene. Yabona? Ingaba ngumoya, andinakukuphikisa oko, kodwa a—asingoMoya oyiNgcwele kaKristu. Ngoku, niyazi, amaxesha amaninzi, bathatha omnye umoya womnye; kwaye oko mhlawumbi kungolatha, kuyo njengeqela labantu, kwinto ethile, kodwa ayisayi—ayisayi kwalatha kuKristu. Kodwa uMoya oyiNgcwele usoloko walatha kuKristu, kwaye uKristu liLizwi.

⁴¹ Sikubona oko cacileyo eBhayibhileni. Okanye, ndenza njalo. Mhlawumbi ndingaba ngongalungisanga, kodwa, ekucingeni kwam, kodwa andicingi njalo; ngokuba, oko, oku: “Ungayami kokwakho ukuqonda ngezinto.” Ukuba woyama ekuqondeni kwakho, ngoko ubophelekile ukuphuma ecaleni kwindlela elungileyo. Akunakwayama nakokunye ukuqonda komnye, xa kuziwa eBomini. Ukufumana uBomi, kufuneka woyame eLizwini. Obo buBomi.

⁴² Siyakubona oku, kusukela ekuqalekeni. Yenziwe yacaca kakhulu kuthi, kusukela ekuqalekeni, okokuba uThixo wanika usapho Lwakhe lokuqala emhlabeni iLizwi Lakhe, ukuba baphile ngalo. Kuphela iLizwi Lakhe, babeya kuphila ngalo. Ngoku, oko akukho ngenxa yokutya ukutya, nanjalo njalo. Kodwa iLizwi Lakhe kwakufuneka baphile ngalo, Naphakade. Kwaye okoko nje begcine ela Lizwi, baphila Naphakade. Kodwa intetho yokuqala encinci yela Lizwi yabekwa nxamnye, ityathanga lonke laphuka, lwaza uhlanga loluntu layokunyhaleka ekufeni. Yabona, ngoku siyaqaphela.

⁴³ U-Eva, ntoleyo kwakungeyontandabuzo engumntu okrelekrele, owoquqala ukukhutshwa exabisweni ukusuka ku Adam, owayengu—ngunyana kaThixo, kwaye u-Eva, ngokuqinisekileyo ekubeni ekula ndawo apho kwakungekho sono, kungekho ndawo yasono, ngokuqinisekileyo kufanele waba noqulunqo olumangalisayo koko uThixo wayekuko. Ngokuba, yonke imva kwemini, yena nomyeni wakhe babehamba kwimpepho yomyezo, ngokuhlwa, kwaye bethetha ubuso nobuso noThixo. Enjani u—ukungabikho ngqiqweni into yokuba umntu onokuhamba ubuso nobuso noThixo, mini nganye, aze emva koko ajikele kwingqiqo yento ethile eyamqiqisela kude kwiLizwi likaThixo!

⁴⁴ Sisabafumana futhi. Baqiqiselwa lula ukubasusa eLizwini likaThixo, emveni kokuhlala eBukhoneni bukaThixo. Ukubona iLizwi likaThixo lishunyayelwa, iLizwi likaThixo libonakalisiwe, amanxila naboni besiza esiguqweni kwaye beguqulwa besenziwa izidalwa ezitsha kuKristu, abantu abadume kakubi besenziwa amanenekazi namanene; baze

emva koko bajike kuleya isikelelekileyo iNto ebakhokelele kobu Bomi, ize ibagqwethele ecaleni kwimvumo-nkolo ethile, ukuba badume kakhulu okanye—okanye bangene koko bayakubiza udidi olungcono lwabantu.

⁴⁵ Kutheni, ukolona didi lungcono olukhoyo: oonyana neentombi zikaThixo. Kuhle, ndiyayithanda la ntlanganisela ngcono kunokuba ndinokuba nayo kunabo bonke ookumkani kunye nabalawuli, nayo yonke into engenye. Ndinike ela gquba lithobekileyo labantu, ukuba abasazi isandla sabo sasekunene kwesasekunxele! Okoko nje bemazi uThixo, kwaye beMthanda kwaye beMkhonza, lowo ngodumileyo weZulu, kum. Ewe, mhlekazi!

⁴⁶ Ngoku, kodwa siyafumanisa ukuba u-Eva wacengwa ngokulula nguSathana, ukumsusa kwiLizwi likaThixo, kwaye woyama kokwakhe ukuqonda, ngokuba uSathana wahlohla into ethile kuye ntoleyo yayingekho kwigqiqo yakhe ngoThixo. Kodwa wayenento ethile eyaxelelwa yena lutshaba, uSathana, kwaye wayikholelwa.

⁴⁷ Ngoku sifumana iziphumo zoku: yanyhalela lonke uhlanga loluntu ekufeni, ngokuba umama wokuqala emhlabeni, woyama kokwakhe ukuqonda, echaseneyo kwiLizwi likaThixo, waza wanyhalela lonke uhlanga loluntu ekufeni. Ngoku niyakukholelwa oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Elo liLizwi. Kuhle, umfazi usoloko . . .

⁴⁸ IBandla, eBhayibhileni, lingumfuziselo womfazi. Kwaye ibandla namhlanje lingamkela imfumba yemigaqo neemvumo-nkolo, lize lifake irhamente yonke ekwahlukanisweni noThixo. Abo bantu abamkela ezo zinto, endaweni yeLizwi likaThixo, bafana nje no Eva. Kwaye iye yenziwa ngokuphindwa nokuphindwa, de yenze esi sizukulwana sonke sityhalelwe ecaleni eLizwini likaThixo.

⁴⁹ Kwaye xa iLizwi libonakalisiwe, iLizwi lityhiliwe, abayi kuLwamkela, ngokuba abayi kuyenza, ngokuba boyame kokwabo ukuqonda. “Eli bandla lakhiwa apha. Yindawo entle. Ngumbutho omkhulu. Lililungu lomzimba omkhulu wabantu. Kutheni singabi ngabalanto? Ndiyakuthembela kuyo.” Musa ukuthembela kokwakho ukuqonda, kodwa thembela eLizwini leNkosi!

⁵⁰ Ngoku—ngoku yaphelela, ekugqibeleni, ekufeni kuhlanga lonke, njengoko nditshilo, ngokokunye njenga ngoku, kubantu abaninzi abathembele ekuqondeni kwabo, imigaqo yabo neemvumo-nkolo, nanjalo njalo, bebanga, “ILizwi likaThixo alinyanisanga lonke, okokuba elinye laLo liphefumlelwe elinye aliphefumlelwanga.” Ungaba nalo njani ukholo eBhayibhileni, ukuba inxenye yaYo iphefumlelwe kwaye inxenye ayinjanlo? Ukuba enye, ukuba isicatshulwa esinye asilunganga, ngoko into

yonke ingaba yengalunganga. Yonke ifanele ibe yelungileyo, ilunge ngokuchanekileyo.

⁵¹ Kwaye ezinye zezibizwa njalo, gqwethekileyo, izikolo zeBhayibhile zifundisa ulwazi lomntu, ingqokelelo, apho bahlanganisanayo baze bahlale kwisigqeba sabantu, baze bathi, “Ngoku jonga, ukuba imihla yemimangaliso, yaphela ngemihla yabapostile.” Kwaye amadoda amaninzi phantsi kobhishopu okanye amadoda aphakamileyo, ebeyakuhlala phaya aze athi, “Kuhle, ukuba nje ndinokuvumelana naye, akukho ntandabuzo kuphela ndingabasemgceni kufutshane nesikhudla sakhe.” Yabona, ngoko woyame ekuqondeni kwakho, endaweni yokuma ngenyawo zakho zombini ngenxa yeLizwi likaThixo. Yilonto ebangela ezi zinto.

⁵² Ngelinye ixesha eligqithileyo, umntu othile... bendikwingxambuliswano ngerhafu yengeniso. Kwaye bathi kum, bathi, “Kutheni, amathenjwa akho akayonto kuphela ngoonodoli, ndiyaqikelela.”

⁵³ Ndathi, “Ukuba ndinomthenjwa ebhodini, onembono eyahlukileyo, kwaye engayi kuma aze (andikhathali ngubani othetha ngayo) angayi kuvakalisa imbono zakhe ngayo, ndiyakumlalela ngaphandle kwebhodi.” Ewe, mhlekazi. Nakubeni ibichasene kukholo lwam, ndifuna yena avakalise ako acinga kulungile. Yilonto endimbekele yona phaya, ukubona oko akutshoyo malunga nayo. Kodwa sinako okuya.

⁵⁴ Qwalasela, wathi uYesu, kuYohane oNgcwele i-10, “EzaM izimvu ziyalazi iZwi laM.” IZwi, kakade, liLizwi Lakhe, xa Ethetha. “EzaM izimvu ziyalazi iZwi laM. Izwi laM liqondakalisiwe kuzo, ukuba linyanisiile. Libe lingqinelwe ukuba liLizwi laM.” Ngoku, ngoku qwalasela, azibekelwanga ukulandela nalinye elinye izwi. Azisokuze. “EzaM izimvu ziyalazi iZwi laM, kwaye ongaziwayo aziyi kumlandela.” Ngamanye amazwi, aziyi kuliqonda ilizwi lemfundo yezenkolo elifundisa ngokuchaseneyo kwiLizwi. Izimvu ayikuqondi oko hayi ngaphezulu kunokhozi, phezolo, linokuqonda ukukokoza kwesikhukhukazi. Aziyiqondi, ngokuba lalilikhozi. Kwaye yinto ekwanye kunye nozewe ngokutsha ngenene umntwana kaThixo, baqonda kuphela izinto ezizezikaThixo.

⁵⁵ Ngoku umntu othile uthi, “Kuhle, ngoku jonga, ungenza *oku*, ndiyacinga. Iyi, ndiyakholwa ukuba asiyyiyo lendlela. Ndiyakholwa ukuba imihla yemimangaliso igqithile. Andikholwa ukuba oko yimpiliso eNgcwele. Andikukholwa Oku.” Ngoku owenene ozelwe ngokutsha umKristu, oko akusayi kuyeka ezindlebeni zakhe, akayiqondi konke konke. Kwaye ingathini indoda ekholelwa kuThixo, kwaye enokufunda iBhayibhile ize ibone ukuba isekwaNguye izolo, namhlanje, naphakade, iyakuze yamkele into enjalo njengaleya, andiyiqondi.

Ke, abayami kokwabo ukuqonda.

⁵⁶ Nje ngokufana no—nosana. Uthatha usana oluncinci, uluyeke luzalwe uze uluyeke loyame phezu kwesifuba sikanina, luncace kuye, ubisi olushushu, loyamise intlokwana yalo phezu kwesifuba sakhe, nangona liziyure ezimbalwa ubudala. Kusuku okanye amabini ukusukela emva koko, lisuse kunina uze ulinikele ngaphaya kwibele longaziwayo umama, liyakukhabalaza ezonyawana zincinci phezulu emoyeni kwaye lijwede. Asingonina walo. Yabona, sele linento ethile malunga nalo, ngokuba liyinxalenye yalo mama, nakubeni kunjalo indalo ilunike indlela yokwazi unina.

⁵⁷ Kwaye ukuba indalo inikeze indlela kusana ukuba lazi unina walo, ukusukela apho lizalelwe khona, kukangakanani ngaphezulu ukubanjalo yena, unyana kaThixo ozelwe ngoMoya kaThixo, uyamazi uNina. Uyamazi, ngokuba wazalwa ngeLizwi, kwaye uyaliqonda iLizwi. Mbeke kwindawo engaqhelekanga, ngokuqinisekileyo ungaphandle kwe—ungaphandle kwendawo, uyakuphuma phaya ngokukhawuleza kangangoko anakho. Ngokuba linayo, aloyami. . .

Umntu othile uthi, “Ngoku linda, sthandwa, lona ngumama wakho ngoku.”

⁵⁸ Asingonina, ngokuba linendlela yokwazi okokuba liyinxalenye yalo mama. Lona ngunina, hayi ongomnye ayakubanakho ukuthatha indawo yakhe. Liyamazi unina. Qwalasela, indlela eyiyo, indlela eyinene ngayo. UThixo wenze yonke into ngokohlobo lwayo.

⁵⁹ Iinkomo ngokohlobo lwazo. Amaxesha amaninzi ekuqokeleleni, besiyakuhlenganisa yonke imihlambi yeenkomo kunye namankonyane amancinci, ndandiqhele ukumangala indlela ebeyakwazi ngayo umama wawo. Ngoku, zona, zona ziyehla zisuka ezintabeni, iinkomo zonke zixubene. I—iinkomo enenkonyane, mhlawumbi elilambe kancinci inkonyane lingancanca kancinci ngomnye umama, ukuba lilambe kakhulu; kodwa xa sizimisa, ethafeni, laa mama uyaqalisa ukudlula esiqhwini seenkomo namankonyane de afumane elakhe, kwaye inkonyana libalekela kunina. Uyakwazi okuya kuthile ukukhwina nokubhombolozela kwakhe. Kwaye ubhombolozela ela nkonyana, kwaye abanye oomama bayabhombolozela de ungabi saziva wena buqu ucinga, kodwa ela nkonyana lincinci liyakulufumana ola bizo luthile lukanina, ngokuba liyinxalenye kanina.

⁶⁰ Kwaye ozelwe ngokutsha umKristu waseZulwini, uyinxalenye yeli Lizwi. Injalo. Omnye umama akayi kumlandela. Uyinxalenye yeLizwi. Uhlala neLizwi. “Ukuba ixilongo linika isandi esingaqinisekanga, ngubani oyakuzilungiselela idabi?” watsho uPawulosi. Uyasazi isandi seLizwi. Qwalasela indlela—indlela oku kuyiyo, isandla esamiselwa

kwangaphambili sikaThixo sibalandela. Uyazi ukuba wayemiselwe, wayekwiVangeli leNyaniso. Uyayazi ukuba wayezelwe ngoMoya kaThixo. Uyayazi ukuba uMoya kaThixo awunakuphika iLizwi likaThixo, ke ngoko ongaziwayo akayi kumlandela. Qwalasela kanjani. . .

⁶¹ Ndandijonge emva apha kumbhalo endithe ndawubhala phantsi apha. Ndi—ndigqithe kuwo, kodwa nje kwenzekile ndibone isifundo seSibhalo, ndicinge ukuba ndiyakubhekiselela kuso kwakhona. Qwalasela indlela eZakhe ezamiselwa ngexa elingaphambili izimvu ezamlandela ngaYo, kanye ngemihla yezinkulu izifundiswa zezenkolo esakhe saba nazo. Baphumela kanye ngaphandle, ngokuba babemazi Yena. Babesazi oko iLizwi likuthembisileyo ngaloo mhla. Bayazi into uMesiya owayefanele abe yiyo xa Efika. Kwaye uSimon Petros waza kuYe, awayengu “Simon” kuphela ngoko.

⁶² Kwaye u-Andreya wayezamile ukumxelela malunga nokuya. “Le Ndoda nguMesiya.” Kulungile, Simon, kakade, yayinguye mhlawumbi onenkani, kwaye engasayi kuya.

⁶³ Kodwa xa waya eBukhloneni bukaYesu, xa uYesu wathi, “Igama lakho unguSimon, kwaye ungunyana kaYona.” Ngoku siyayazi ukuba uYesu wabaxelela abapostile Bakhe ukuba Wayebazi, kwaye yena, “ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.” Babezizibonakaliso zeengcinga Zakhe. Ngoko ke, ekubeni laa mbewu ilele kuye, kwaye wayesazi ukuba iLizwi litshilo kwaye belithenjisiwe ukuba uMesiya uyakuba ngumprofeti, kwaye xa wakubonayo okuya, wayegqibile ngokuloba. Wayesazi ngoko ukuba uyakulahla iminatha yakhe, ngokuba wayeyakuya—kuya aze abe ngumlobi wabantu. Kuba. . .

⁶⁴ Ngoku, nako kumi abanye bemi phaya, ababona into ekwanye isenziwa, baza bayibiza u “moya ongcolileyo.” Abo yayizizifundiswa zenkolo, ngokuba yayingekho kwincasa yabo yemfundiso ngezenkolo. Kwaye bayala, ngokuba boyama kokwabo ukuqonda, ngoogqirirha babo; xa, uYesu Kristu esiza ekuzalisekiseni kweLizwi lesithembiso, kwaye babemfameke kakhulu ekuyiboneni. Boyama koko umbingeleli akutshiloyo, naphezu koko ibandla likutshiloyo, endaweni yoko uThixo akutshiloyo.

⁶⁵ Ngoku uYesu wabohlwaya ngalonto. Wathi, “Phengululani iZibhalo, kuba kuZo nibanga ukuba ninoBomi obunguNaphakade. Kwaye Zizo Zona ezingqina ngaM. Ezi Zibhalo endinicela ukuba niziphengulule, Zinixelela ukuba Ndingubani Mna.”

⁶⁶ Kodwa babengayi kweyama koko iLizwi likutshiloyo, kodwa boyama koko ukuqonda kwabo kwakukuko. Boyama kokwabo ukuqonda. Kwaye iSibhalo siyasixelela ukuba babegqutyuthelwe. Isigqubuthelo semfundo yabo yenkolo sabenza bamfameka.

Uthi, “Mzalwana uBranham, ufikelela phi?”

⁶⁷ Ndifikelela nje koku. Lanto iyenzenka kwakhona, de, amadoda nabafazi nabantu bayokoyama kwicawa ethile abathe bayijoyina baza baba yeyayo, akukhathaliseki nokuba iLizwi likaThixo lithini malunga nayo. Bayaqhubeka ngqo nokuya, besoyamisa kokwabo ukuqonda, kwaye bengakhathaleli iLizwi likaThixo, njengokungathi Alikhange (zange) labhalwa kwa ukubhalwa. Yengantshulanga imbewu yobomi bomntu. Inobomi basenyameni, kodwa akukho bomi bangokwasemoyeni kuyo bokudliswa ubomi. Isigqubuthelo sasigqume ubuso babo.

⁶⁸ Ngoku qwalasela, babenengcinga zabo zoko uThixo awayefanele abe kuko, babeneembono zabo zoko uMesiya awafanela abe kuko. Kodwa iLizwi lakutsho oko uMesiya awayefanele abe kuko! Ngoku, yabona, babenongowabo umqondo oko Awayeyakuba kuko. Akukho ntandabuzo kuphela koko umbengeleli omkhulu akutshiloyo, “Bonke ababingeleli bam abaphantsi kwam, ngoku xa uMesiya esiza... Sakhe itempile enkulu apha. Senze konke oku. Kwaye iBhayibhle yathi, ‘Uyakuza ngesiquphe etempileni Yakhe,’ nazo zonke ezi zinto. Xa Ekwenza, uMesiya uyakuza kanye apha aze Azibandakanye kunye nathi, aze athi, ‘NdinguMesiya. Ndifikile. NdingulaMesiya ebenimfuna.’” Kulungile, xa wathi Wafika, Wafika ngeyona ndlela yahlukileyo koko babecinga yayiyiyo, babengamqondanga Yena. Babengazi ukuba Ngubani Yena. Kodwa Abakhe... .

⁶⁹ Owu, ukuba... kungathini ukuba omnye umhanahanisi ubenokuhamba anyukele phaya aze athi, “NdinguMesiya. NdinguGqirha *Zbani-bani*”? Babeyakuyamkela.

⁷⁰ Kodwa xa usiza kwiNdoda eyazalwa kunye nozalo olunesithunzi emva kwaYo, ingenamfundo yaso nasiphi isikolo Eyakhe yaya kuso, ukuya kufunda, kungekho mfundo yakwalizwi Enayo, ingenakhadi labudlelwana; kodwa Yayilutoliko lweLizwi likaThixo, libonakalisiwe. “Imisebenzi, eNdiyenzayo, inixelela Ndingubani Mna. Ukuba aNdiyenzi imisebenzi eyayithenjisiwe ukuba Ndiyakuyenza, ngoko musani ukundikholelwa Mna.”

⁷¹ Kwaye asinakho na ukuyisebenzisa lonto kulo mhla? Xa uMoya oyiNgewele usiza, oko bafuna ukukusebenzisela esinye isigaba esithile, xa Esiza kwisenzo nasekubonakalisweni kwamandla Akhe oBomi obunguNaphakade, abantu bafuna ukuyibiza yona o—o “lundlongondlongo ubaxo.” Kutheni? Boyama kokwabo ukuqonda, kwaye hayi eLizwini leNkosi. Niyazi ukuba oko kunjalo.

⁷² Ukuchongwa, okokuba uThixo, utoliko Lakhe kukubonakaliswa kwesithembiso.

⁷³ Mhlawumbi ndiyakuyitsho, ndiyenze icace kancikane. Xa uThixo ethetha iLizwi, Akadingi nayiphi indoda okanye umfazi,

okanye omnye ongomnye, ukutsho into Eliyithethayo. Xa Etshiloyo. . . Kulungile, uthi, “UTHixo uthetha oku.” UTHixo uthetha nje oko Akutshoyo ukuba Uthetha kona. Yabona?

⁷⁴ Ngoku Ulitolika njani iLizwi ElileLakhe? NgokuLizalisekisa. IBhayibhile ithe, “Intombi iyakumitha,” yakwenza. Oko akudingi naluphi utoliki. UTHixo wathi, “Makubekho ukukhanya,” kwaye kwabakho. Oko akudingi naluphi utoliki.

⁷⁵ UTHixo wathi, kananjalo, okokuba kule mihla yokugqibela Uyakuthulula uMoya Wakhe phezu kwayo yonke inyama, kwaye Wayenza. Oko akudingi nalunye utoliki. Oko kudinga kuphela ukwamkelwa, umntu othile amkele oko uTHixo akwenzileyo. Akudingi toliki. UTHixo utolika iLizwi ElileLakhe. UTHixo wathembisa izinto esizibonayo, usuku nosuku, okokuba Uyakuzenza kumhla wokugqibela.

⁷⁶ Abantu namhlanje, njengoko kwakunjalo ngoko, boyama kokwabo ukuqonda. “Umalusi wam utshilo okokuba okuya ‘lubaxo.’” Kodwa iBhayibhile ithe iyakwenzeka. Kokukabani ukuqonda oyakoyama ngako?

⁷⁷ IBhayibhile ithembisile kwimihla yokugqibela, ukuba, iSigaba seBandla laseLawodike liyakutyeba kakhulu, kwaye lingene kakhulu ekungadi- . . .okanye, ekungadingini nto okokokwalo, “Ndiyebile. Akukho nto ndiyidingayo. Ndihleli njengekumkanikazi.” Kwaye lityebile. Kwaye Wathi, “Akuyazi ukuba ulusizi.” Ngoku eso sisigaba sebandla lilonke, ibandla! “Kwibandla laseLawodike: ‘Uze, uyimfama, ulihlwempu, ulusizi, kwaye akuyazi lonto.’” Lihleli kubutyebi balo, ishumi lamawaka eliphindwe ngeshumi lamawaka, kwaye amawaka amalungu, ubutyebi behlabathi esandleni salo, phantse. Eyibeke yonke ngokudibeneyo, kude kube ngulomhla, kunye nebandla iKatolika namaProtestanti, ngokuhlangeneyo, njengoko ehamba kunye, afumene ubutyebi behlabathi.

⁷⁸ Sitshatyalalisiwe kwesi sizwe, nje malunga. Siyaboleka kwirhafu eyakuhlawulwa kwiminyaka engamashumi amane ukusukela ngoku, bayandixelela, ke batshilo kwi*Life Line*. Iirhafu, esizichithayo ngoku, ziyakuhlawulwa kumashumi amane eminyaka kusukela ngoku. Umzukulwana wam omncinci, ukuba uYesu ulibazisile, iirhafu ayakuzihlawula xa emashumi amane eminyaka ubudala, sisebenzisa zona ngoku. Sithumela kuncedo lwamazwe asemzini, kwaye awethu amaNdiya nezinto alambela ukufa; sizama ukuthenga ubudlelwana. Akubuthengi ubudlelwana. Akumthengi umhlobo. Hayi, kodwa oko koko sikwenzayo. Leyo yindlela esenziwe ngayo, ukurhafisa abantu kuyo yonke into abanokufikelela kuyo, irhafu, irhafu, irhafu. Kwaye asiyi kwahlukana netyala lemfazwe kanganga—kangangamakhulu eminyaka nakuba kunjalo, ndiyaqikelela, okokuba silahllelwe kuko ngabezopolitiko. Kwaye ngoku

asifanele sibe ngala ndlela. Akukho sizathu sokuba sibe ngala ndlela.

⁷⁹ Kodwa amabandla, ngokwawo, aye atyeba. “Phantse ukusondela kubutyebi behlabathi,” itsho iBhayibhile, “bulele kwibandla iKatolika.” Yilonto iRashiya iyikhuphileyo, yilonto iRashiya ilikwayayo. Leyo yeyona mvelaphi yobukomanisi, ngokuba ibandla lacinga ukuba likokuthile, kwakungekho nto ingaphezulu kwihlabathi lonke.

⁸⁰ Xa sasiphezulu phaya eFinland, laa nkwenkwe incinci yavuswayo ekufeni. Phaya kumi amajoni amaRashiya kwinzolo yokukhahlela, aze athi, “Siyakumamkela uThixo onokuvusa ofileyo.”

⁸¹ Senze amahlelo, nezikolo ne—nezakhiwo, kwaye sasilela ukwenza oko uYesu asixelele ukuba sikwenze, yayikuku “Shumayela iVangeli.” Sizamile ukufundisa ihlabathi. Zange athi, “Fundisa ihlabathi; lowo ufundileyo uyakusindiswa.” Kufuneka uzalwe ngokutsha, uzaliswe nguMoya. Eso sisizathu sisilele kalusizi kakhulu, yonke indawo. Yabona, sifumene ubutyebi, sifumene into.

⁸² Ngoku yintoni eyakwenzeka? Kwaye xa elibandla, iBhunga leeCawa Zehlabathi, lihamba kunye, akuboni ngubani ozakukhokela? Aninakho maWisile namaRhabe ukukuqonda oko, nonke nina, nkqu namaPentekoste? Nithi aniyi kungena. Mhlawumbi niyakungena okanye nibe nehlelo. Niyakukwenza enye okanye engenye. Iphambi kwenu kanye, nifanele ninyenze. Ilunyazeliso, uphawu lwerhamncwa. Kwaye oko koko kukuko, ngqo. Ukwenziwa ubuhlelo ngokupheleleyo (Ndingakuqinisekisele ngeBhayibhile) luphawu lwerhamncwa. “Wayelihenyukazi; wayeneentombi ezingamahenyu.” Kwaye siyakwazi oko ukuba yiNyaniso. Ehlanganisiweyo inkolo, ichasene kwiLizwi, kwaye ngumchasikristu kwimiqathango yayo. Asiyiyo yonke into phaya engumchasikristu; kodwa kwimiqathango yayo, inkqubo yayo ngumchasikristu, ngokuba ichasene neLizwi likaThixo. Yonke inkqubo ehlanganisiweyo iyila ndlela.

⁸³ Nako ke apho ukhoyo, yabona, kwaye woyama kokomntu othile ukuq-...ukuqonda kwabo, endaweni yokoyama ngokuqonda kukaThixo, ngoko uThixo akutshiloyo malunga nayo. Eso sisizathu ingalunganga. Amakhwenkwe aphuma ecaleni aye kwizikolo zakwalizwi ezinemfundo elungileyo, baye kwezi zikolo zeBhayibhile, ezibizwa njalo. Kwaye mhlawumbi bafumana u—bafumana ubizo lukaThixo entliziyweni yabo. Kwaye baphumela phaya baze bahlohlwe imfundiso kakhulu ngoluvo lomnye, athe, “*Uzbani-bani* wakatsho, uBhishopu *Zbani-bani*. *Lona* uyitshilo. *Lowa* uyitshilo. Iqumrhu lamadoda avumelana, *le* ndlela ifanele ibe yiyo.”

⁸⁴ Akukhathaliseki nokuba ubani uthini! Wathi uYesu, “Malithi ilizwi lonke lomntu libe bubuxoki, lize elaM libe yiNyaniso. Akunamsebenzi lelikabani, elaM libe yiNyaniso!”

⁸⁵ Ngoku sazi kanjani yintoni iNyaniso? Xa iBhayibhile idandalazisile ukuba into ethile iyakwenzeka, okokuba into ethile izakwenzeka, kwaye yenzeka ngala ndlela.

⁸⁶ Ngoku, iBhayibhile ithe, “Kuye yayibu—bubutyebi behlabathi”: igolide, isilivere.

⁸⁷ Ngoku ukuba sikwinqanaba legolide, kwaye sihluphekile, ngoku yintoni ezakwenzeka? Yintoni ezakwenzeka? Niyazi, abantu abatyebileyo besi sizwe, ezifektri zinkulu, namadoda ewiski namadoda ecuba, nanjalo njalo ngolwa hlobo, awazukumelana noguqulo lwemali, ke kuphela kwento ekuyakufuneka siyenze kukuyiboleka. Kwaye kukho ekuphela kwayo indawo yokuyiboleka. Kwaye xa sikwenzayo, sithengisa ngobuzibulo bethu kuyo. Injalo lonto. Emva koko yintoni ozakuyenza? Uyabangwa yiyo, laa nkqubo. Akukho nto ingenye, onokuyenza.

⁸⁸ Owu, bantu, sanukucinga ndi. . . Ningacinga ndiphambene. Kodwa xa ilizwi lam lizolisiwe ekufeni, ezi teyiphu ziyakuba zisadlala, kwaye niyakuqonda okokuba oko ndikuthethileyo kwenzekile. Ndiyakuba ngoyena usileyo umntu ukuthatha indawo endiyithathileyo, ukuba nkqu ngochasileyo koku, ndi—ndiyakuba—ndiyakuba ngochasene noThixo, ndiyakuba ngochasene nayo yonke into enguThixo, ukuba mna (ukuba bendinakho) bendingalunganga engcingeni yam nakubizo lwam. Into ibiyakuba yechasene noThixo. Kodwa ndithathe indawo yam ngokuba ndiyibonile yona apha eLizwini. LiLizwi likaThixo. Emva koko ndiyibonile ingqinelwe, iqinisekisiwe okokuba iyiNyaniso. Olo lutoliko athe uThixo walunikeza ngeLizwi Lakhe. Utoliko oluloLwakhe uThixo lweLizwi Lakhe yindlela Alingqinela ngaLo kwaye aLenze linyanise.

⁸⁹ Kwakutheni aba baFarisi baba zimfama? Yintoni eyabenza babazimfama kangako? Ngokuba babengayi kusamkela isityhilelo okanye ukungqinelwa kweLizwi.

⁹⁰ Kwaye eso sisizathu namhlanje sokuba amabandla abe zimfama, kungokuba awasayi kusamkela isityhilelo esingqinelweyo. Ukuba iLizwi litsho njalo, kwaye ityhiliwe, yaza emva koko yaqinisekiswa, futhi abayi kuLamkela.

⁹¹ Eso sisizathu lamaJuda, amaJuda kube yile mini, akasokuze. Akunakuthetha kuwo malunga noKristu, ngokuba isigqubuthelo sisesebusweni bawo, amfamekisekile.

⁹² Kwaye ibandla, akunakuthetha kulo malunga neVangeli engcwele namandla kaThixo, ngokuba uthixo weli hlabathi ubamfamekisile kuzo iinyaniso zikaThixo, kwaye boyama kokwabo ukuqonda. Xa abafazi besiza ebandleni baze banqothule iinwele zabo, ngokuba abelusi babo babaxelela,

“Owu, oko kulungile konke. Laa ndoda iphambene.” Kodwa iBhayibhile ithe wenze ngokungalunganga xa eyenza, uThixo walile ukuphendula umthandazo wakhe. Kwaye abanye babo abafazi benza elinye ihlazo, kwaye azame ukuba ngumshumayeli, emva koko wenze ephindiweyo into. IBhayibhile ithe akamele ayenze lonto, nenye yayo. Kodwa umbutho webandla uyakuyamkela, aze ammisele aze amthumele ngaphandle. Boyama kokwabo ukuqonda!

⁹³ ILizwi elinye likaThixo libekwe phosakeleyo, okanye litolikwe phosakeleyo, okanye Lona lingamkelwanga, laphula iTyathanga lonke. “Umntu akasayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.”

⁹⁴ Kutheni iyiyo, bafazi, nindivile ndishumayela ngokuchasene nezi zinto, zokunxitywa kwezimfutshane, nokuqatywa, no—nokwenziwa kweenwele oku apha iinwele ezinqothulweyo, nalo lonke olwahlobo lwento, kuze ngoko qho ngonyaka xa ndibuyela emva nisahleli kwimeko enye? Kungokuba nayame kokwenu ukuqonda endaweni yeLizwi leNkosi.

⁹⁵ Kwaye, belusi, kutheni ningacoci ibandla lenu? Ngokuba niya kubuhlelo bemvumo-nkolo endaweni yeLizwi leNkosi. Injalo. Ungayami kokwakho ukuqonda. Ke, ungayami kokwakho ukuqonda, kodwa phezu kweLizwi leNkosi.

⁹⁶ Abayi kuyamkela, ngokuba abayi kwamkela unqinelo. UYesu uza kunye ne—neVangeli, kanye ngokuchanekileyo ngendlela Awathi Uyakuza. Nkqu amatyeli amaninzi . . .

⁹⁷ UYohane wayebhidakele kancinci xa walahlelwa entolongweni, kwaye we—wehlela ezantsi phaya. . . Kwaye wayeshumayele ukuba bekuya “Kuza uMesiya, Omyazi wokwela wawusesandleni Sakhe; Uyakusicokisa kuthi tu isandá Sakhe, atshise umququ ngongacimiyo umlilo, aze abuthele kuvimba ingqolowa.” UMoya kaThixo usizisa, utyhoboza ukuphuma kuye njengo—njengomthombo. Kwaye emva koko xa ebona uYesu esiza embonisweni, omncinci, onobulali, othobekileyo uhlobo loMfo etyhalwa, ebalekela *apha*, ngenxa yobomi Bakhe, nangaphaya. Kutheni, babenga. . .

⁹⁸ UYohane wayengenakho ukuyiqonda, ke wathumela abanye babafundi bakhe ukuya kufumanisa kuYesu ukuba ngenene wayeNguYe. Elinjani ihlazo kuYesu! Emva kwalaa mprofeti emile phaya emanzini, kunye neLizwi likaThixo, wathi, “Ndimazile Yena, ngokuba ndibone u—uMoya oyiNgcwele, njengehobe, uThixo esehla eZulwini njengehobe kwaye esiya kungena kuYe, kwaye ndivile iZwi lisuka eZulwini, lisithi, ‘Lona nguNyana waM oyintanda,’” kwaze emva koko uYohane wathi, “Hambani, niyoMbuza ukuba ngenene waye NguYe, okanye—okanye—okanye—okanye masikhangele omnye?”

⁹⁹ Ngoku uYesu zange wamthumela incwadi ngendlela emakuziphathe ngayo entolongweni, okanye leliphu ibandla

awayefanele azibandakanye kulo. Kodwa Wathi, “Hlalani ithutyana nize niqaphele okwenzekayo, nize emva koko niye kumbikela uYohane izinto enizibonileyo nezenzekileyo,” ngokuba imisebenzi Yakhe Imngqinele Yena ukuba nguMesiya, uNyana kaThixo. “Usikelelwe lowo ungakhubekiyo kuM.”

¹⁰⁰ Ke abaninzi baye bakhubeka. Ke abaninzi abantu bakhubekile kalula kakhulu eLizwini likaThixo. Li—lichasene, bafuna ukweyama kokwabo ukuqonda. Abafuni kuthabatha iLizwi leNkosi. Kwaye bafuna nje ukuhamba ngendlela abathe—abathe bayifundiswa ukuba bayihambe. Kwaye indlela abayifundisiweyo, ibandla labo loyame ngayo. Akukhathaliseki ukuba uThixo uthembisile Uyaku—Uyakunisa, ukuba nemvula kusasa, kwaye ibandla lithi “obo bubuvuvu,” bayakukholelwa ibandla endaweni kaThixo. Ngokuba kutheni? Bazalwe libandla.

¹⁰¹ Kodwa indoda ezalwe nguThixo, yeyeMbewu kaThixo. Kwaye imbewu kaThixo liLizwi likaThixo, kwaye iphila kuphela ngokuYa. Oko buBomi bayo.

¹⁰² Ngoku, boyama kokwabo ukuqonda, kodwa babengafuni ukweyama kwiLizwi likaThixo. Babesazi ngecono. KwakuseSibhalweni. Bayibiza yona “umoya ongcobileyo,” laa Ndoda. Kuba kutheni? Umbingeleli wabo wathi, “Nabanina othi ayokuva le ndoda ishmayela, bayakugxothwa endlwini yesikhungo.”

¹⁰³ Xa indoda yaphiliswayo eyayiyimfama, nguYesu, nkqu nabazali bayo, bavuya kakhulu malunga nempiliso, kodwa babesoyika ukuvuma ukuba yayinguYesu owayenzayo. Ehe.

Wathi—wathi, “Ingaba lona ngunyana wenu?”

Bathi, “Ewe.”

Wathi, “Ngubani omphilisileyo?”

¹⁰⁴ Wathi, “A—andazi.” Wathi, “Mdala, mbuzeni. Yena, yena angazithethela.”

¹⁰⁵ Ngokuba, kwakuthethiwe, ukuba, “Nabani owayame kuYe, kukuqonda kukaKristu,” endaweni yokuqonda kwabo, “uyakugxothwa ebandleni labo.” Ngoku ingaba oko asiyonto ekwanye? Ndinibuzisa ovisa ubuhlungu ocace gca umbuzo. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Injalo lonto. Itsale into ekwanye. Akunamsebenzi nokuba uThixo wenza ntoni, ifanele ibe ngokokuqonda kwabo, hayi oko uThixo akungqinelayo ukuba yiNyaniso. Ngoku, kwaye laa ndoda yaba nayo impendulo, nakubeni kunjalo.

Wathi, “Ngubani okuphilisileyo?”

Wathi, “Omnye okuthiwa nguYesu waseNazarete.”

Wathi, “Ungumoni. Asimazi apho avela khona Yena.”

¹⁰⁶ Wathi, “Ngoku leyo yinto engaqhelekanga. Nifanele nibe ngabakhokeli bale yure. Kwaye nantsi iNdoda ivule amehlo am, oko akwenziwanga sukela ihlabathi laqalayo, kwaye nakuba kunjalo nithi anazi apho Ivela khona.” Owu, bethu!

¹⁰⁷ Kutheni? Baboyame kokwabo ukuqonda endaweni yeLizwi leNkosi. Ngokuba u-Isaya wathi, “Imfama ziyakubona, iziqhwala ziyakutsiba njengexhama, iintlango ziyakutyatyamba eluvuyweni.” Kodwa uyabona boyama kokwabo ukuqonda, hayi eLizwini; inkqubo yabo abayiqulunqileyo.

¹⁰⁸ Ngoku, qwalasela amabandla anamhlanje enza into ekwanye. Abumbe okukhulu olubalaseleyo uhlanga lwengqiqo, kwiinkqubo zabo zobuhlelo. Okokuba, banokona kubalaseleyo ukuqonda, abafuni kwamntu ongomnye abhanxe ngako, kungabikho mntu uzayo ngaphandleni bangabelaqela.

¹⁰⁹ Sukundixelela; ndihlala eTucson, Arizona. Ndifike ezantsi phaya kwiminyaka emithathu egqithileyo, ndahlangana nebhunga lamabandla, ndaza ndathi, “Andizanga kuzokuqala bandla. Ndize ukuzokudlelana nani. Ndiza ukuzoninceda. Ndingummishinari, umvangeli, nantoni endiyenzayo.”

Bathi, “Ingaba uza apha ukuza kuqala ibandla?”

¹¹⁰ Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Ndiza apha... Ukuba ndifuna ibandla, ndinalo e-Indiana.” Ndathi, “Ndiza apha ngokuba iNkosi indikhokhelele apha embonweni. Ndizakuhlala ithutyana ngoku, ngaphandle kokuba Undikhokelela kude, kodwa andizange ndize kuqalisa ibandla. Ndiza ukuzokunceda nina bazalwana.”

¹¹¹ Leyo yabe iyiminyaka emithathu egqithileyo. Andizange ndamenyelwa nakwindawo enye. Kutheni? Ngokuba kwakukho intlanganiso kanye ngqo emva koko, baze bathi, ukuba nayiphi indoda iye yabanam epulpitini yabo, bayakumsika lomshumayeli. Yabona? Kutheni? Boyame kokwabo ukuqonda! Ngokuqinisekileyo, oko kubizwa njalo, babumba okwabo okubalaseleyo ukuqonda.

¹¹² Ngaphandleni ubeke igama lakho kwincwadi yabo, uya... ulahlekile. Umlungiseleli wandixelela oko. “Owu,” uthi, “lowo ibingumhanahanisi othile.” YayingumPentekoste.

¹¹³ UJack Moore kunye nam sahlala phaya saza saphulaphula kuye eDallas, eTexas. Wathi wayeza, “Zakufuneka akhuphe indoda encwadini.”

Ndathi, “Kutheni?”

“Kuba indlelane nawe.”

Ndathi, “Kulungile, yikhupheni.”

Yathi, “Kulungile, ilahlekile ke ngoko.”

Ndathi, “Ilahlekile?”

“Kutheni,” yathi, “ukuba igama layo alikho kuyo!”

114 Ndathi, “Uthetha ukuba ungumphathi wabefundisi wengingqi kwaye ukholelwe oko?”

Yathi, “Leyo yinyaniso.”

115 Ndathi, “Suka efonini, mnumzana. Wena, wena... Olo asilobabalo lukaThixo, oko—oko, yabona.”

116 “Kuba ngaMoya mnye sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye, saza saba ngamalungu awo loo Mzimba.” Akukhathaliseki loluphi udidi lophawu onalo kuwe, oko akunanto yakwenza nayo. UngumKristu ngokugqibeleleyo ngoZalo. Leyo kuphela kwendlela, kuphela kwendlela onokuba yiyo; hayi ngokuzixokomezela, ingekuko nangeemvumo-nkolo, hayi ukuthabatheka *oku*, okanye ukucengezeza *oku*, okanye nayiphi engenye into, ingekuko nangemfundo, nengemfundo yezenkolo. UngumKristu xa uzalwe ngokutsha, kwaye akunakuzalwa ngokutsha de ube wanyuliwe ukuba uzalwe ngokutsha. “Kuba akukho mntu unokuza kuM ngaphandleni uBawo waM amtsale yena, kwaye bonke athe uBawo waM wandinika bona Mna bayakuza.” Amen. “Ndiyakumvusa kwakhona ngomhla wokugqibela.”

117 Ezi zinkulu zibizwa njalo izikolo zeBhayibhile esinazo, ziyakuthi, yoyama kokwabo ukufunda. Owu, bethu. Zona, akunamsebenzi oko likutshoyo iLizwi, zona zingayicacisa ngokucace kakhulu, owu, ukwenzela iziqu zabo, ukwenzela iziqu zabo ziyikholelwe, kunye nohlobo olulolwabo luyikholelwe, okokuba, “Imihla yemimangaliso igqithile. Akukho nto injalo injengomprofeti, abaprofeti, abapostile. Akukho nto injalo inje ngeziphu zempiliso, nanjalo njalo. Yonke yaphela emva kwimihla yeBhayibhile.” Bangazenza bakukholelwe oko.

118 Niyazi, iBhayibhile ithe, “Ungakholelwa ubuxoki ugwetywe ngabo.” Yabona, leyo yiNyaniso ngokuchanekileyo. Babumba, akukhathaliseki nokuba iLizwi likaThixo lithini, boyama kokwabo ukuqonda. Bona, bona boyama kubo, bayabukholelwa, bacinga iyiNyaniso. Ungaqhubeka ukholelwa ubuxoki, ngaphezulu nangaphezulu nangaphezulu, de ibe yiNyaniso kuwe. Injalo lonto.

119 Kodwa sazi njani ukuba yiNyaniso okanye hayi? UThixo uyangqinisisa ukuba yiNyaniso, kuba ikwiLizwi Lakhe kwaye UyaYingqinela. Wenza oLwakhe Yena utoliko ngaYo.

120 Bayenza njani, bangena njani koku? Bayenza ngenkcubeko yabo, imfundo yabo, yengqiqo yabo ye—yesidanga sikagqirha isidanga, nanjalo njalo, abathe beza besuka kwisikolo esithile sakwalizwi baze bafunda ezi zinto.

121 Kodwa jongani, zihlobo, phulaphulani. Akukho ndawo eBhayibhileni esicelwa ukuba siqonde. Asicelwa ukuba siYiqonde. Sicelwa ukuba siYikholwe. Yikholwe Yona ngantoni? Ngokholo. Ukuba uyaYiqonda, ngoko oko kwenza ukholo lungabi lutho. AkunakuYiqonda, kodwa uyayikholelwa Yona

nakanjani. Ukuba ndingamqonda uThixo, bendingasayi kufuneka ukuba ndimkholwe uThixo. Andimqondi uThixo. Akukho ndoda imqondayo uThixo. Andinakuliqonda iLizwi likaThixo, kodwa ndiYalamkela. NdiyaLikholelwa. Andicelwanga ukuba ndiLiqonde.

¹²² Andiyenzi, ukuya kwisikolo sakwalizwi nakuyo yonke le inkulu ingqiqo yolwazi lomntu kokuYa. Ndiyazi nje ukuba iBhayibhile iyakutsho okuYa, “UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade,” kwaye ndijonga yena kolwa luhlu lunye. Ndiyazi Uthembisile oko Ayakukwenza kulo mhla, ndijonga yena ukuba Ayenze kwaye Uyayenza. Injalo lonto. Wathembisa ngobabalo, ndajonga lona kwaye ndalwamkela. Wathembisa ngempiliso, ndiyayikholelwa kwaye ndayamkela, ndaza ndayifumana.

¹²³ Ngoku andifuni kuthatha ixesha elininzi lenu, kodwa ndifuna ukucela into ibenye ukuba niyakundinyamezela umzuzu, ukujonga abo abangakhange boyame ekuqondeni kwabo; ezinye izimilo zeBhayibhile, nje okumbalwa, abongoyamanga ekuqondeni kwabo, kungakhathalisekanga kwakuyintoni ukuqonda kwesigaba sabo.

¹²⁴ Masithabathe, okomzekelo, uNowa. UNowa waphila kumhla omkhulu wophando ngobunzululwazi. Kwimihla kaNowa, mhlawumbi bakhe iphiramidi, abangenakho ukuziphinda ukuzivelisa kwakhona. Ngoku asinanto yokuzenza ngayo, akukho nto yokuphakamisa amatye amakhulu phezulu phaya. Abanakho, namhlanje. Ngaloo mihla, babenohlobo oluthile lwechiza abonokulifaka kwisijiki-bala baze benze iimpahla zikhangeleka ngokusendalweni de kube namhlanje. Babenolwelo lokuqhola izidumbu ababenokwenza isidumbu esiqwayitweyo; asinakuyeza enye, namhlanje, ukuba besifanele. Si...okuninzi kobugqi esilahlekene nabo. Umhla awathi waphila kuwo, kwisigaba sobuchwephesha benzululwazi.

¹²⁵ UYesu wabhekiselela kuyo, okokuba olwa hlobo lunye lwesigaba liyakubuyela kwakhona ngaphambi kokuba Abuye, “Kuba njengokuba kwabanjalo ngemihla kaNowa.” Ngoku niyakukholelwa, okuya, aniyi? Niyakholelwa ukuba uYesu wakutsho okuya? Niyakholelwa sibuyele kwesa sigaba? Ngoku okuya kuseNcwadini kaLuka, isahluko se-17 nomqolo wama-29.

¹²⁶ Ngoku kuLuka 17:30, Wathi, “Kwaye njengokuba kwabanjalo kwimihla kaLote, xa iNgelosi yeNkosi . . .”

¹²⁷ Ngoku, Wayefunda iBhayibhile ekwanye esiyifundayo. Kwaye xa Yena . . . Buyela emva uze ufumanise hlobo luni lomhla owawunguwo ngaphambi kwemvula kaNowa. Buyela emva uze ufumanise hlobo luni lomhla owawunguwo ngaphambi kokuba ihlabathi litshatyalaliswe ngemihla kaLote. Fumanisa yayiyintoni, kwaye uyabona oko uYesu wayethetha ngako.

¹²⁸ “Emihleni kaNowa, babesidla, besela, betshata, kwaye betshatisana; bengazi wade uNowa wangena emkhombeni, yaza yeza impuphuma, yabathabatha yemka nabo bonke.”

¹²⁹ Kwimihla kaLote, kanye nje ngaphambi kwehlabathi li... umlilo walitshisa ihlabathi leeNtlanga, amaSodomi, kwakukho izitabane, abagqwethekileyo, yonke into ehlabathini. Enkulu... YayiyiLos Angeles yalemihla; hayi kuphela eyalemihla iLos Angeles, kodwa i-United States; hayi kuphela e-United States, kodwa ihlabathi. Yona ngokuqinisekileyo yayilugqwetheko! Amadoda alahlekelwa yimvelo yawo yobomi neemvelo zengqiqo yawo yolwazi lwesiqhelo, agqwetheka ngomoya ongcolileyo owaguqula lonke uhlobo lobomi bawo bemvelo, kwaye ayephethwe yimimoya yedemoni. Ukuba oko ayingomfanekiso wemihla kaNowa, andiyazi, kwaye emihleni kaLote, ndifunukutsho. Emihleni kaNowa, kananjalo, besidla, besela, betshata, betshatisana, iinkundla zoqhawulo mtshato zigwala, nayo yonke into, njengoko kwakunjalo.

¹³⁰ Kodwa, khumbulani, ngaphambi kokutshatyalaliswa kwehlabathi, u-Abraham wathunyelwa ebusweni behlabathi kwaye wanikwa isithembiso sonyana. Kwaye u-Abraham wahlangana noThixo kwizigaba ezininzi, njengomfuziselo webandla elihlangane noThixo. Kodwa nje ngaphambi kokutshatyalaliswa nokubuya konyana wesithembiso, okanye afike, gxebe, unyana wayethenjisiwe, afike, uThixo wehla waza wabonakaliswa enyameni yomntu, endodeni, amadoda amathathu. Kwaye ehla aya kuLote; aza kuqala ku-Abraham, kwaye ahlala phantsi. Kwaye u-Abraham waguqulwa igama lakhe ukusuka ku Abram ukuya ku Abraham; uSarai ku Sarah.

¹³¹ Kwaye le Ndoda, iSithethi, u-Elohim, xa Yehlayo ukuze ithethe naye, Yatsho ntoni? Yathi, “Uphi umfazi wakho, uSarah?”

Wathi, “Usententeni, emva Kwakho.”

¹³² Yathi, “Ndiyakutyelela ngokwexesha lobomi.” Kwaye wahleka esententeni, emva Kwakhe. Waze Yena wathi, “Kutheni uSarah ehleka?” Yabona? Ngoku Wayenokubuthabatha ubomi bukaSarah kanye phaya, ngenxa yokuhleka eLizwini Lakhe; kodwa Wayengenakuyenza lonto, ngokuba uSarah wayeyinxalenye ka Abraham.

¹³³ Kwaye namhlanje, uYesu wathi kuLuka isahluko se-17 nomqolo wama-30, “Njengoko kwabanjalo ngemihla kaLote, kuyakuba njalo kwixesha lesiphelo xa uNyana womntu. . .”

¹³⁴ Ngoku khumbulani, “Nyana womntu” ngumprofeti. UYehova wabiza uHezekile u “nyana womntu.” UYesu uza emagameni amathathu: uNyana womntu, uNyana kaDavide, uNyana kaThixo. Wazibiza Yena “Nyana womntu” ukuze abantu baqonde, kuba WayengulaMprofeti eyayiyakuthi iNkosi uThixo imvuse.

135 Ngoku qwalasela, ngoko Wathembisa ntoni? UNyana womntu uyakuzityhila Yena kwakhona nje ngaphambi kwelo xesha, ngaphambi komlilo. Kwaye okuya yayingumqondiso wokugqibela awathi u-Abraham wawubona ngaphambi kokuba afike unyana wesithembiso; kwaye wabuyela ekubeni ngumfana, kwaye naye ekubeni ngumfaza osemntsha. Ngaphambi... Ngoku qwalasela, iSibhalo ngokungqalileyo sitsho oko, ngoku masikhangele oko.

136 Kwaye emva koko ukuba sibona ihlabathi lisekugqwethekeni nezinto elikuzo namhlanje, lisenza ngendlela eliyiyo, ngoko singatsho njani ukuba leya ilungile kwaye singatsho ukuba lena engenye ililungile? Ngokuba, umntu othile, noyame ekuqondeni kwabo, kwaye hayi ukuqonda kweNkosana yoBomi Owaye engulaMntu awayephaya esangweni kunye nabo eSodom. Ngoku, siyaqwalasela, asoyami kokwethu ukuqonda.

137 UNowa zange ayame kokwakhe ukuqonda. Yayisisigaba esikhulu sobunzululwazi, kodwa zange ayame kokwakhe ukuqonda komhla wakhe. Kodwa woyama kwisithembiso sikaThixo, kwaye wahamba ngamandla kaThixo, waza walungisa umkhombe wokusindisa indlu yakhe. Xa, kwakuchasene ngokuqinisekileyo kulwazi lwesiqhelo; kwakungekho manzi phezulu phaya, zange abekho. Kodwa wayazi, ukuba uThixo uthe iyakubakho, iyakubakho. Ke zange ayame kokwakhe ukuqonda, kodwa ngokholo wahamba ngesithembiso seLizwi likaThixo. UMoya wamhambisa, kwaye wakwenza.

138 U-Abraham, zange ayame ekuqondeni kwakhe malunga nobomi bomntu. Wayetshate umfazi wakhe malunga neshumi elinesixhenxe leminyaka ubudala. Nanku elapha, amashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, kwaye umfazi enamashumi amathandathu anesihlanu ubudala, elishumi leminyaka ubuncinci. Kodwa u-Abraham zange ayame ekuqondeni kwakhe, xa uThixo watsho ukuba Uyakumnika unyana ngoSarah. Kodwa wabiza yonke into, nakuphi ukuqondakalisa ngobunzululwazi ukuba kwakuchasene neLizwi likaThixo, nakuphi ukufunda okungaphandle kweLizwi likaThixo, njengokuba kwakungenjalo. Kwaye wanika uThixo indumiso, omelele, emnika Yena indumisa. Akazange nkqu akukhathalele ukujonga emzimbeni wakhe okanye ukufa komzimba kaSarah, okanye—okanye owakhe umzimba. Akazange akhathalele nenze into, kodwa woyama phezu kwesithembiso sikaThixo. Akazange ayame phezu kokuqonda kwakhe. Akazange ayame phezu kwezizathu.

139 “Kutheni,” uthi, “Mzalwana uBranham, sisizathu sokuba uThixo akayi kuphilisa abagulayo, sinabalunge kakhulu oogqirha.”

¹⁴⁰ IBhayibhile ithe, “Silahlela phantsi ukuzathuza.” Asizathuzi. Ukholo aluzathuzi. Ukholo luyakholelwa kwaye luyamkela. Qwalasela.

¹⁴¹ Kodwa wakholelwa endaweni yokungakholelwa; waza wabiza izinto, ezazingekho, njengezazikhona, nto ezo zazichasene ngokuqinisekileyo nakuphi ukuzathuza. Kodwa zange azathuze. Wakholelwa nje. Kwakungekho zizathu ezazinokuqondakalisa ukuba olwa sana lungazalwa. Laa mfazi wayemalunga namashumi amabini eminyaka egqithile exesheni, kwaye umzimba wakhe wawulunge njengofileyo. Kwaye xa wayelikhulu leminyaka ubudala, amashumi amabini anesihlanu kamva, wayesanika uThixo indumiso, ngokuchasene nalo lonke uhlobo lokuqonda. Kodwa ngokhoho, wayazi ukuba uThixo uyakuligcina iLizwi Lakhe. Akazange ayame ekuqondeni kwakhe.

¹⁴² Bekungathini ukuba uMoses wayenokuyama ekuqondeni kwakhe, xa uThixo wamxelela ukuba wayefanele a—athathe uFaro... okanye abantwana bakaSirayeli abakhuphe kwisandla sikaFaro? Bekunokuthini ukuba wayenokoyama kokwakhe ukuqonda, xa wayephaya ngeNtsika yoMlilo, xa uThixo wathi, “Yihla kwaye Ndiyakuba nawe”? Bekunokuthini ukuba wayenokoyama kokwakhe ukuqonda xa wabazisa kuLwandle oluBomvu, kwaye nako belapho emanzini, kwaye apha uThixo wayebathembisile ngomhlaba wesithembiso? Bekungathini ukuba wayenokoyama ekuqondeni kwakhe, “Ndizakunqumla njani phaya? Asinaxesha lokwakha ibhulorho. Nanku umkhosi usiza kanye emva kwethu. Nazi iintaba emacaleni. Nanga amanzi phambi kwethu, uLwandle oluBomvu”?

¹⁴³ Ngoku, ukuba ngewayeyame ekuqondeni kwakhe, wayeyakulahla izandla zakhe phezulu aze abaleke, awele ezinyaweni zikaFaro, athi, “Faro, ndixolele, ndenze ngokungalinganga.”

¹⁴⁴ Kodwa akazange ayame ngokwakhe ukuqonda. Kodwa wathandaza, waza uThixo wamxelela abheke phambili, lwaza ulwandle lwavuleka, ntoleyo yayichasene nako konke ukuzathuza. Kodwa zange ayame ekuqondeni kwakhe.

¹⁴⁵ Kwakunokuthini ukuba uYoshuwa, xa wawelela ngaphaya kunye nelinye ishumi lamahlelo, waza waya ngaphaya kwaye wawubona lamhlaba wesithembiso kaThixo, kwaye wayenokubuyela emva kunye nabo abizo athi, “Ngoku lindani umzuzu. Iyinyaniso. Sikhangeleke njengemicikwana. Ziingxilimbela. Singaze sikwazi njani ukubathatha? Asinawo kwa namakrele; nje oko sikucholileyo. Singaze sibe nakho kanjani ukungena ukuze siwuthabathe umhlaba? Kutheni, ayikwazeki ngokupheleleyo. Bayasongamela ngamanani, amashumi amahlanu amadoda kwenye. Bangamajoni aqeqeshiweyo, kwaye thina asiyonto kodwa nje igquba labolusi

zimvu nabaxovi-daka abaphuma eYiphutha. Njani? Asinawo nkqu amakhaka nezinto, singaze silihathe njani?”

146 Kutheni, ukuqonda ngokuqinisekileyo ngenene kuyakuqondakalisa okokuba abanakuyenza. Nayiphi indoda yomkhosi njengoko wayenjalo, okanye uMoses, yayingenakho ukweyama kokwayo ukuqonda. Kodwa ukuqonda kwabo, zange bayame ngako. Kodwa bayazi ukuba uThixo uthe, “Ndininikile lamhlaba. Hambani niwuthabathe!”

147 Sukweyama kokwakho ukuqonda. Ukuba woyama kokwakho ukuqonda namhlanje xa ugula, mhlawumbi uhleli kwisitulo samavili, usifa ngumhlaza, ingxaki yentliziyo, kwaye ugqirha uthi uzakufa, ukuba woyame kokwakuqonda, uyakufa. Kodwa sukweyama kokwakuqonda. Ngokuqinisekileyo hayi.

148 Malunga nantoni kwiindonga zeYeriko, abathi babenokubalekisa benze umdyarho wenqwelo zokulwa kumphezulu wazo, zona iindonga ezinkulu? Wathi uThixo, “Nyukani nizijikeleze amatyeli amaninzi kangaka, nize nivuthele ixilongo kwaye nina nonke nenze ingxolo, kwaye udonga luzakuwa.” Kulungile, oko ngokuqinisekileyo kuyakuba sisigezo kwingqondo yenyama. Kodwa uYoshuwa, ekubeni esazi zinkulu ububanzi kangakanani ezo ndonga, kuba wayekhe ezininzi iindonga ezantsi eYiphutha. Wayeyazi isamente eyayikuzo, indlela ezaziqine ngayo, ukubamba wona umdyarho weenqwelo zokulwa phezulu, kwaye nkqu nezindlu ezakhiwe kumphezulu wazo. Kodwa zange ayame kokwakhe ukuqonda. Wakholelwa oko uThixo akutshiloyo kuyinyaniso, waza wathobela iLizwi Lakhe, kwaye iindonga zawa. Ukungayami kokwakhe ukuqonda.

149 Bekunokuthini ukuba wayesilwa ela dabi, kwaye, njengoko ndandishumayela ngeCawa, kwaye emva koko ilanga lalitshona, utshaba lalichithachithiwe. . . Ngoba busuku laliyakuhlangana kwaye laliyakubuya kunye namanye amandla, libulale into eninzi yamadoda akhe. Ngoku bekunokuthini ukuba ebenokuthi, “Ndifuna ukukhanya kwemini okuthile. Ndifanele ndibe nokungaphezulu ukukhanya kwelanga. Kuhle, ngoku lindani umzuzu. UThixo wamisa olu lungelelwano, kwaye ilanga layajikeleza lize ihlabathi lijikeleze. Ngoku masibone, ukuba ndingatsho ukuba ilanga lime. . . Mhlawumbi ukuba ihlabathi limile ngoku, ngoko liyakuphulukana nokubambelela kwalo, ndiyakuwa?”

150 Akazange aphulaphule ekuqondeni kwakhe. Kuphela kwento awayitshoyo, kukuba, “Langa, yima ngxixi; nawe, nyanga, hlala apho ukhoyo,” kwaye lamthobela. Akazange ayame ekuqondeni kwakhe. Kodwa weyama kwisithembiso sikaThixo, “Ndininikile laa mhlaba; hambani niyokuwuthabatha.”

151 Ukunikile isithembiso sikaMoya oyiNgcwele. Ungawufumana Wona kulenkomfa. Ungawufumana Wona ngoku.

152 Sukweyama ku, “Uyazi, ndidiniwe. Ndiyakuxelela, nditye kakhulu isidlo sangokuhlwa. Ndi—ndi—ndikuthiyile ukuba uJohn andibone ndisenza oku.” Owu, he hake! Woyame ekuqondeni kwakho.

153 “Idinga likuni, nakubantwana babantwana benu, kubo abo bakude, nakwabo esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.”

154 “Ugqirha uthe ndizakufa. Undixilongile, waza wathi ndinalo mhlaza, ndinoku, okanye nantoni ebiyiyo. Kufanele ndife.” Sukweyama kokwa kuqonda. UThixo yiNkosi uThixo wakho Ophilisa zonke izifo zakho. Ke sukweyama kokwakuqonda, hayi ukuqonda komntu. Yoyama ekuqondeni kukaThixo.

155 Yintoni ngoSamson, phandle edlelweni, xa amaFilisti, iwaka lamadoda abaleka aya kuye? Kwaye nakuya emile phaya, into encinane, emzimba mncinane enwele ziqothololo, malunga *nobungakaya* ubude. Wayenga, kulungile, wayengeyondoda yakrele, kuba wayengazi; wayengafumananga luqeqesho, uqeqesho lwasemkhosini. Wayeyencinci endala nje eqothololo intloko yosisi, enje, enezihlwitha ezisixhenxe zeenwele zijinga, inkwenkwe kamama, emile phandle phaya, kwaye naku kusiza iwaka lamaFilisti. Kuhle, wayengenanto esandleni sakhe. Wakhangela phantsi, waza wafumana elidala, elikhuthukileyo, elimhlophe ithambo lomhlathi we esile, waza walichola.

156 Ngoku wathi, “Masibone, ngoku, andiyi kwenza kangako *ngoku*, ngokuba yona iminqwazi yokuzikhusela ezintlokweni zawo i . . . Wona amaFilisti, onke lo majoni, onke anemikhonto. Onke ayeneengubo zokuzikhusela zezikhonkwane. Kwaye iminqwazi yawo yokuzikhusela ibunzima bumalunga neshumi elinesihlanu lobunzima umnye, amakhulu amadoda, onke ephumile. Kuhle, ukuba ndingaze ndibethe ngeli lidala ithambo lomhlathi we esile, phezu komnye walominqwazi yokuzikhusela, kutheni, liyakuphasalaka libe ngamaqhekezana. Injalo lonto?”

157 Akazange ayame ekuqondeni kwakhe. Wathabatha nje oko kwakusendleni sakhe, waze waqalisa ukubetha amaFilisti. Kwaye emva kokuba ebethe iwaka lawo, wayesenalo ithambo lomhlathi esandleni sakhe. Amen.

158 Andikhathali nokuba ithini imfundo yezenkolo yendoda, sukweyama kokuya. Yoyama ngeLizwi likaThixo, “UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade.” Ngokuqinisekileyo, wayikholelwa.

159 Bekunokuthini ukuba uDavide wayenokuphulaphula kuSams- . . . imfundo yezenkolo kaSawule? Nako kume uGoliyathi phandle phaya kunye nokuqhayisa kwakhe okukhulu, kwaye bonke wonke umntu esoyika; uSawule,

intloko namagxa engentla kumkhosi wonke. UGoliyathi wathi, “Umntu othile makaphume eze azokulwa nam. Akukho sidingo so—sokuba sonke sife. Ukuba ndikubulele, emva koko nonke niyakusikhonza. Kwaye ukuba undibulele, kutheni, siyakunikhonza,” kuba wayenokratya kuye. Leyo yindlela umtyholi athanda ukuyenza, xa efumana sonke isikolo sakhe sakwalizwi phandle, kwaye bonke kubo, xa esiza, yabona.

¹⁶⁰ Omncinci uDavide omdala ejikeleza phaya, intwana yofele lwegusha kuye; engqombo, amagxa agobileyo, intwana encinci yomfo malunga nekhulu ubunzima, ikhulu elineshumi. Wathi, “Nithetha ukundixelela ukuba imikhosi yoThixo ophilayo, oyolusiweyo kumnqophiso, uyakuma phaya aze avumele lowa angelukileyo umFilisti asingele phantsi izintlu zoThixo ophilayo?”

¹⁶¹ Wathi uSawule, “Yiza apha, nkwenkwe.” Wathi, “Ndiyakuncoma ukukhalipha kwakho, kodwa imihla yemimangaliso igqithile. Asinanto efana naleyo, yabona. Kwaye mandikuxelele into ethile, leliphi ikhadi lobudlelwane onokulibonisa, yabona? Akunaso nesikrweqe. Akananto kuphela isilingi esandleni sakho. Yabona? Akunayo iPh.D. okanye LL.D. Uzakuyenza njani lento? Kutheni, la ndoda ngumlwi. Kutheni, iyi—iyiD.D., uL ophindiweyo, Ph.D., LL.Q. Kutheni, inezidanga ezininzi, ingacamathisela udonga ngazo. Kwaye ungubani wena? Umalusi zimvu.”

¹⁶² Wathi, “Kodwa ndifuna ukukuxelela into ethile.” Wathi, “Uyazi intoni?” Wathi, “Ndandisalusa izimvu zikabawo phandle phaya, kwaye,” wathi, “ingonyama yeza yaza yaxhakamfula enye yazo, yaza yabaleka. Kwaye uyazi, ndathatha esi silingi sincinci ndaza ndayileqa, ndayikhabhalela phantsi. Ndathabatha i—imvana emlonyeni wayo, yaza yandivukela xa ndakwenzayo. Ndaza nje ndathabatha imela ndayibulala.” Wathi, “Ndabuyela emva. Kwaye naku kusiza ibhere, emva kwalaa mvu, yayixhakamfula yabaleka. Ndalibulala, nalo.” Wathi, “Ngoku uThixo. . . Hayi eyam iPh.D., hayi okwam ukuqonda. Adinakuxelela indlela endiyenza ngayo. Andiyazi yenziwa kanjani. Kodwa uThixo,” amen, “uThixo owandihlangula ezinzipheni zebhere nezengonyama, kukangakanani ngaphezulu Eyakundihlangula kwisandla salowa ungolukanga umFilisti!”

¹⁶³ Ubhishopu, uSawule, wathi, “Uyazi, ndiyakholwa unobizo, nkwenkwe. Ndiyakukuxelela, ukuba ungeza ngapha, ndiyakukufundisa ukulwa ngekrele, yabona. Kwaye ndiyakukuxelela, ndingu—ndingugqirha, ke nxiba ingubo zam zokulwa. Ndifuna ukukunxibisa.” UDavide wama phaya, baza bamnika iPh.D., iLL.D., nako konke okuya, kwaye—kwaye umfo omncinci ohluphekileyo wayengenakho nokushukuma. Wayengazi kanjani.

164 Wathi, “Andizange ndikuqinisekise oku. Lavesti yobufundisi ayindilingani. Thatha lento uyisuse. Ndiyeke ndihambe noko uThixo andincele ngako.” Olo yayilukholo emandleni kaThixo. Kwaye zange a—ayame ekuqondeni kwakhe. Akazange ayame koko umntu othile akutshiloyo. Woyama elukholweni. Ngokuba, wayazi ukuba uThixo wamsindisa ezinzipheni zebhere, kukangakanani ukuba ngaphezulu Ayakumsindisa kulaa mFilisti!

165 Kulungile, ukuba uThixo uyakuthanda ngokwanele kakuhle ukuba akukhuphe esonweni kwaye akuzalise ngoMoya oyiNgcwele, yintoni ingxaki nani zimvoco ezingenamqolo kwilizwe lonke, akanakho Yena ukunihlangula ngakumbi ngaphezulu kwinkxwaleko yenu xa Ethembisa ukuba Uyakuyenza? ILizwi likaThixo litsho njalo. Uyakuyenza. Ngokuqinisekileyo, Wamhlangula esandleni.

166 Owu, bonke ngamnye wabaprofeti, bekungathini ukuba babenokweyama ekuqondeni kwabo kwisigaba sabo? Babengasokuze banyuke baye kwaba babingeleli nababingeleli abakhulu, baze bababize “ndonga ezimhlophe” nayo yonke into engenye. Babengasokuze baprofete ngokuchasene nabo. Babeyakufana nabanye abaloo mihla abaprofeti, beyakuvumelana, banxibe iimpahla ezintle, kwaye babe kumabhotwe ookumkani.

167 Bekunokuthini ukuba uYohane wayenokuzama ukweyama kokwakhe ukuqonda? Kodwa wenyukela kanye phezulu.

168 Bathi, “Ngoku, linda umzuzu, Yohane, sukushumayela ku*Mtshato Noqhawulo Mtshato.*”

169 Wenyukela kanye phezulu ukuya kwindawo kaHerode, waza wathi, “Akuvumelekanga ukuba wena ube naye.” Ewe, mhlekazi.

Wathi, “Kulungile, uyayazi ngubani lowa? Lowa nguproc- . . .”

“Andikhathali ngubani.” Akazange ayame.

170 Wathi, “Ngoku uyayazi ukuba akunako ukungako. Usezantsi apha kule ntlango. Imanyano ayisayi kukwamkela, ukuba uba nokwenzela okunjalo.” Wayengakhathali malunga nenye imanyano. Akazange ayame ekuqondeni kwakhe, kodwa kokukaThixo ukuqonda. Ngokuqinisekileyo.

171 Kwakukho indoda enye eyayama ekuqondeni kwayo, kwaye igama layo lalinguJuda Skariyoti. Owu, yona. . . A—andiboni yayinokuyenza njani lonto. Yahamba ubuso nobuso noKristu, ngokufana njengo Eva wenzayo ekuqalekeni. Yayikubonile ukungqinelwa, waye wajonga kuThixo ebusweni, njengo Eva wenzayo kwimpepho yangorhatya. U-Eva wajonga kuKristu, kwimpepho yangorhatya, emyezweni. Kwaye uJuda wayehlaleli kwimpepho yangorhatya, emyezweni waseGetsemane

nakwindawo ezininzi, kwaye wajonga kuKristu okwamnye; wayemvile Efundisa, eziqondakalisa Yena ngeLizwi, engqinelwe ekubeni nguMprofeti awathi uMoses wathetha ngaye ukuba uyakuvuswa. Kwaye wabaxelela eSibhalweni wayeNgubani Yena, nako konke malunga nako. Babekubonile kuqondakaliswa nguThixo, okokuba wayenguYe, kwaye emva koko weyama ekuqondeni kwakhe.

¹⁷² Uh! Angayenza njani? Kungokuba wayengazange abe nayo ezantsi *apha*, indawo yokuqala. Wayengeyombewu intshulileyo. Wayengunyana wentshabalalo, ezalelwe entshabalalweni, wabuyela emva kwintshabalalo. Ngoku siyaqwalasela. Kodwa waphuma, kwaye mhlawumbi wayenokuba waba nembono yokuqonda kwakhe. Wayenokuba wacinga ukuba uYesu... Wayenengako intlonipho ngaYe, “Ngoku, niyazi, ndingamthengisa Yena ngamashumi amathathu amaqhosha esilivera. Kwaye ukuba ndiyenzile, ndiyakuba nemali, kwaye ndingenza into ethile ngayo. Kwaye Unakho Ukuzihlangula.” Yabona, wayengazi, eSibhalweni, okokuba wavuswa ukuze athathe laa ndawo inye.

¹⁷³ Kwaye nabo abantu banamhlanje abaqondi yeyiphi imeko abakuyo. Imiselwe eli bandla laseLawodike ukuba libe kule meko, ukukhuphela ngaphandle uKristu. Kwaye Yena enkqonkqoza, ezama ukungena ngaphakathi. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] Kungekho ntsebenziswano naphina, nakuba kunjalo. Engqinela iLizwi Lakhe kumhla ngoku, njengoko Wenzayo kulo lonke usuku, kwaye bayahamba besimka kanye kuyo. Boyama kokwabo ukuqonda, kuko—kuko konke okukhoyo kuyo.

¹⁷⁴ Okanye, mhlawumbi, masikutsho oku okokuba—okokuba wacinga. Mhlawumbi ukuba wayemthengisile uKristu ngamashumi amathathu amaqhosha esilivere, kutheni, okokuba wayenokuba no—nobudlelwana kunye namanye amakhulu amahlelo aloo mhla, abaFarisi nabaSadusi. Ubeya kuthi, “Ngoku lindani, Angazilungiselela Yena. Ndimbonile Yena kumadabi amakhulu; ndi—ndiyakwazi okokuba—okokuba angazilungiselela Yena. Ke ndingenza imali ethile, uhlobo lo—lomhlalaphantsi omncinci, njengoko yayinjalo. Kwaye ngoko, kwakhona, ndingafanela ndibe nolungelelwano olukhulu kunye nala mabandla anamhlanje, ukuba ndingamngcatsha Yena kubo.” Yabona? Kodwa woyama ekuqondeni kwakhe, endaweni yokuqonda ukuba oko yayiliLizwi elingqinelweyo likaThixo, kwaye wenza kuYesu nje oko iZibhalo zithe uyakuyenza.

¹⁷⁵ Kwaye, namhlanje, ibandla lehlabathi limkhuphele ngaphandle uKristu kule mihla yokugqibela, kanye ngokufana twatse neNcwadi yeSityhilelo itshilo liyakukwenza. Ngumoya kaJudas kwakhona, kwimo yebandla, “Linokumila kokuhlonela uthixo, kodwa liwaphika amandla eLizwi.” Yabona? Injalo lonto. Ngoku, owu, bethu, yintoni ephumela kuyo? Ukufa,

kanye njengoko yenzayo ku-Eva. Kwaye yenza njalo kubo bonke abanye abazama ukugqwetha iLizwi likaThixo baze boyame kokwabo ukuqonda. Nkqu nangoku bayathengisa, hayi ngamaqhosha amathathu esilivera, kodwa mhlawumbi iba yiyo, owu, ngothile osesikhundleni esikhulu, athile amava esikolo secawa. Awanakho kwa ukufanela amashumi amathathu amaqhosha esilivera, kodwa bayayithengisa nakanjani; bathengisa ukuqonda kwabo uThixo, ngaphandle, ngento enjeya ngaleya.

176 Indlela eyahluke ngayo kulowa mkhulu uPawulosi oNgcwele, owayenalo lonke ulwazi awayenokuqhayisa ngalo. Kodwa wathi, “Ndiye ndayeka yonke into, yokuzathuza kwam, ndayiyeka. Ndihlange neNtsika yoMlilo ngenye imini, endleleni ezantsi ukuya eDamasko.” Kwaye wathi, “Andizange ndize kuni ngentetho encamisileyo, ngokuba, ukuba ndandenzile, beniyakuthembela kubulumko bomntu. Kodwa ndiza kuni emandleni nasekubonakalalisweni koMoya oyiNgcwele, ukuze no—noyame phezu kweLizwi likaThixo.” Amen. Wathi, “Ukuba iNgelosi isuka eZulwini iyeza, ishumayela nayiphi engenye into, mayiqalekiswe,” AmaGalati 1:8. Injalo lonto. Hayi, mhlekazi. Akazange.

177 Umfazi omncinci emthonjeni, wayeziphethe kakubi. Kodwa wayesazi ukuba amabandla amsikile. Kwaye, kodwa zange ayame phezu kokwakhe ukuqonda. Xa wahlangana naye Lona emthonjeni, Owamxelelayo zonke izono awathi wazenza, wabalekela esixekweni. Ngoku yayingalunganga ukuba umfazi akwenze okuya, ukuba ahambe angene aze atsho nayiphina into, kuba wayelihenyukazi. Kodwa xa wahlangana noYesu, zange ayame ekuqondeni kwabantu, ngezo ntsuku. Weza, wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endakhe ndazenza. Asingebi nguye kanye uMesiya?” Akazange ayame phezu kokwakhe ukuqonda. Hayi.

178 Intombi uMariya, xa iNgelosi uGabriyeli yahlangana naye, kwaye, yamxelela ukuba wayezakuba nosana, ngaphandleni kokwazana nandoda. Whew! Akuzange. Akazange wayama phezu kokuqonda kwakhe, kokokuba umfazi akanakho ukuba nosana ngaphandle kokuba no—nomyeni. Akazange ayame phezu kokuya. Kodwa wathi, “Nanko umkhonzazana weNkosi, makwenzeke kum ngokweLizwi Lakho.” Akazange athi, “Ndizakuyenza kanjani? Kwaye ndiyakuyenza nini? Kwaye izakwenzeka njani yonke lento?”

179 INgelosi yathi, “UMoya oyiNgcwele uyakukusibekela; kwaye Lonto iNgcwele iyakuzalwa nguwe iyakubizwa uNyana kaThixo.”

180 Wathi, “Nanko umkhonzazana weNkosi.” Akazange athathe ukuzathuza kwakhe, athi ayinakwenzeka. Wathi nje, “Nanko umkhonzazana weNkosi.” Injalo lonto. Qwalasela.

¹⁸¹ U—umfazi owayenethombe legazi, ugqirha wamxelela, wathi, “Akukho mathemba.” Wayechithe konke okokuphila kwakhe, ngabanyangi, kwaye akwabakho namnye kubo onokumnceda. Kwaye zange ayame phezu kokuya. Xa uYesu...Wahamba phakathi kwesihlele, waza wathi, “Ndiyakholwa ukuba ndingachukumisa ingubo yalaa Ndoda, ndiyakuphiliswa.” Waya ngaphaya.

¹⁸² “Ngoku linda, ugqirha wathi, ‘Akunakuphila.’” Wayenalo elithombe legazi iminyaka ngeminyaka. Waba nokutyhafa lonke ixesha, nangakumbi. Oogqirha babemncamile. Kuko konke ukuqonda ababenako.

¹⁸³ Kodwa wathi, ngokholo! Akukho Sibhalo esimxelelayo ukuba enze okuya. Kodwa wathi, “Ukuba ndingachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, ndiyakuphiliswa,” kwaye wanyebelezela ngaphaya waza waMchukumisa. Wahamba wabuyela emva, wahlala phantsi.

¹⁸⁴ Wajika uYesu waza wathi, “Ngubani ondichukumisileyo Mna?” Wabhekabheka wade Wamfumana. Wamxelela ngethombe lakhe legazi.

¹⁸⁵ Kwaye weva ngala mzuzu, emzimbeni wakhe. Wayengenakuyingqinisisa ngelo xesha, kodwa weva emzimbeni wakhe ukuba ithombe legazi liyekile. Akazange azathuze, “Ukuba ugqirha wayemjikisile, ingathini engenye into imncede yena?” Akazange aye ekuzathuzeni, kodwa waya kukholo.

¹⁸⁶ Ngoku iBhayibhile ithe, “Ukuba UnguMbingeleli Omkhulu, namhlanje, onokuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu.” Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Sukuya ekuzathuzeni, uthi, “Owu, oko ku . . .”

Wathi, “Namhlanje Ukokuya. Kanye ngoku unguMbingeleli Omkhulu onokuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu. Okwanguye izolo, namhlanje, naphakade!”

¹⁸⁷ Nicinga ntoni ngelixa bendiphaya phandle njengomshumayeli womBhaptizi, kwaye laa Ngelosi yeNkosi yahlangana nam phandle phaya yaze yandiyalela ukuba ndihambe ndiyokwenza oku endikwenzayo? Kutheni, umalusi wam wathi, “Uyaphambana. Kutheni, ubunephupha elibi, wena.”

Ndathi, “Kungcono uthathe ikhadi lam lobudlelwana kanye ngoku.”

¹⁸⁸ Ngoku, wathi, “Ungathini wena, ungenayo kwa imfundo yesikolo segrama, ukushumayela kwihlabathi lonke? Ungathini wena ukuthandazela izikumkani nabalawuli, kwaye wena—wena—wena ungenakho nokusebenzisa igrama yakho kakuhle?”

¹⁸⁹ Ndandingathembelanga kwigramama yam. Ndandingathembelanga nakwesiphi isakhono sam endandinaso. Ndandiyalelwe. Haleluya! Kwaye zange ndiye ekuzathuzeni.

Ukuba ndandiyi ndaphulaphula kwizizathu, bekuya kubakho mhlawumbi amawaka abantu abafayo, kwiminyaka eyagqithayo. Kodwa ndathwala uMyalezo ngokuchanekileyo ngendlela nje Awayitshoyo, nokujikeleza ihlabathi.

¹⁹⁰ Kwaye ndiyaya kwakhona, ngobabalo lukaThixo; hayi ngezizathu, kodwa ngomyalelo. Haleluya! Andoyamanga... Uthi, "Ungamashumi amahlanu anesihlanu eminyaka ubudala." Ukuba bendingamashumi asithoba anesihlanu, oko akuthethi kwanto. UsenguThixo omnye owayeNguye kunye no Abraham. Ewe, mhlekazi. Ungayami kokwakho ukuqonda.

¹⁹¹ Kwaye emva komqondiso uphumile, neZwi lilandela, namabandla aqalisa ukungandamkeli aze avala iingcango zawo, phezu kweMfundiso, yokuba nabani wabo ukhe alinge ukuma phambi kwam aze athi Yona ilungile okanye ayilunganga. Ndicela umngeni nabani wabo. Uh-huh. Hayi ukuba lichule, kodwa ndiyayazi apho ndikhoyo. Injalo lonto. Yintoni abayenzayo? Yintoni abayenzayo? Bavala wonke umnyango. "Ngoku yintoni ozakuyenza?"

¹⁹² Ngomnye umhla, phezulu entabeni, ndandimi phaya. Ndathi, "Nkosi, ndinomnyango omnye ovuliweyo kwisizwe sonke, ngokolwazi lwam, yiPhoenix, Arizona. Omnye kuphela endinawo." Ndaza ndaqalisa ukuhla entabeni. Nje ngokucacileyo njengoko ndakhe ndeva nabani ethetha, lathi, "Yintoni leyo kuwe? Wena landela Mna." Ngoko, hayi phezu kokuqonda kwam. Ndiyakweyama phezu kwesithembiso Sakhe.

¹⁹³ Owu, sihlobo, sukweyama phezu kwezizathu. Emva koko uyakhala, kunye no Eddie Perronet wakudala:

Vuyelani amandla eGama likaYesu!
Maziwe iiNgelosi zilale ngezisu;
Zisani isithsaba sobukhosi,
Niyithwese Yona iNkosi yako konke; (Huh!)
Yithweseni Yona iNkosi yako konke.

¹⁹⁴ Injalo lonto. Ugeyami phezu koko ukucingayo, oko omnye othile ongomnye akucingayo. Ngokholo yamkela isithembiso sikaThixo. Uyakuyenza? Ngoku asikuko nokuba umntu othile ongomnye uyayenza, nokuba abayenzi, kodwa malunga naphi nawe? Yintoni oyakuyenza ngalo Yesu ubizwa uKristu, ozenza Yena waziwa kuwo lo mhla, okwamnye njengoko Wenzayo kulaa mhla? Ingaba niyamkholwa Yena? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Masithandazeni.

¹⁹⁵ Nkosi uYesu, Kumkani wookumkani, Nkosi yeenkosi, Thixo woothixo, Thixo wezilawuli; owokuQala, owokuGqibela; u-Alfa, Omega; iSiqalo neSiphelo; iNkwenkwezi eQaqambileyo neYokusa, uMfiyo wase Sharon, iNyibiba yaseZintlanjeni, iGambu neNzala kaDavide; yiza, Nkosi Thixo, onguye izolo, namhlanje, naphakade!

196 Sikelela esi sihlwele sabantu, Nkosi. Esi...[Indawo engenanto ekhasetini—Mhl.] nje ukulungiselela ukuqalisa ngomso. Sibe nomhlangano omncinci apha, kwaye Wena usisikelele kuwo. Uzenze Wena wazeka kuthi. Ndiyathandaza, Thixo, okokuba Uyakuqhubeka Ukuzenza wazeke kuthi. Sisikelele ngobu busuku. Sincede ngoku. Singabantu abanesidingo.

197 Kwaye, Nkosi, Wena uyazi andikuthandi ukohlwaya abantu, kodwa ndingathini ukuthulisa okwa kuvutha kungcwele? Andikuthandi ukukwenza okuya, Nkosi. Uyabazi ubomi bam, intliziyo yam. Kufuneka ndiyenze. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakundinceda ukuba ndiyenze. Ndinike nje ubabalo, kwaye ungaze undivumele ndoyame kokwam ukuqonda, kodwa ndenze ndoyame phezu kwesithembiso Sakho. EGameni likaYesu. Amen.

198 Ndifuna nina, wonke umntu, azole ngenene nje imizuzu embalwa. Kwesi sihlwele sabantu, kukho amadoda nabafazi abahleli apha, akukho ntandabuzo, abagulayo. Bangaphi abagulayo nabaxhwalekileyo ngaphakathi apha? phakamisa isandla sakho. Yithi nje, “Ndinesidingo sikaThixo.” Phakamisa nje isandla sakho sasekunene ngoku, “Ndinesidingo Thixo.”

199 Ngoku, andazi bantu baninzi kakhulu. Ndiyawazi la makhwenkwe mathathu ahleli kanye apha. Ndiyamazisa uMnu. Dauch nomfazi wakhe behleli phaya. Ndingcinga, ndicinga lona nguDade uMoore. Andiqinisekanga. Ingaba injalo, Dade Moore? Ngaphandle kokuya, ndiyaqikelela oko kuyayenza, kuMzalwana uMike kunye neqonga. Oko kukangako, njengoko ndibona, oko ndikwaziyo.

200 Kodwa uBawo waseZulwini Othembisileyo, kwaye kulo mhla Uyakuzingqinela Yena kwesi sigaba, nje ngokuchanekileyo ngendlela Awayenzayo eSodom. Ingaba Uyithembisile? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Azibonakalise Yena! Niyakukholelwa oko? [“Amen.”]

201 Ngoku ukuba niyakuthandaza, kwaye ngokholo! Ngoku sukuzama ukuzathuza, “Ndingamchukumisa njani Yena njengokoMbingeleli oMkhulu?”

202 Ngoku, iBhayibhile ithi, iTestamente Entsha, “UnguMbingeleli oMkhulu kanye ngoku. Uyaqhubeka ubuBingeleli oBukhulu emva koluhlu lukaMelkhitsedeki. UnguMbingeleli oMkhulu naphakade. Akukho wumbi ongomnye uMbingeleli oMkhulu kuphela nguYe. Akukho wumbi ongomnye umxolelanisi phakathi koThixo nabantu, kuphela yiNdoda uKristu.” Injalo lonto. Ungokuphela kwakhe Yena, kwaye Isenguye izolo, namhlanje, naphakade.

203 Ngoku ukuba Uqhubeka ekwanguye uMbingeleli oMkhulu, kwaye iBhayibhile ithi, “Singamchukumisa Yena ngemvakalelo zobulwelwe bethu,” njengalamfazi mcinci wachukumisa ingubo

Yakhe, ukhohlo lwakho lungamchukumisa ngobu busuku kwaye Uyakwenza kwangohlobo olunye, enyameni yomntu, njengoko Wenzayo xa Wayesenyameni yomntu phaya ku—kum—oki ka Abraham. Niyakukholelwa oko? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wathembisa Uyakuyenza. Ngoku thandazani nje, wonke umntu onesidingo. Kwaye ndi—ndi . . .

²⁰⁴ Kunjengokuba nditshilo, isipho asiyonto enjengokuba uthabatha imela, kwaye ukuba ufuna ukusika *oku* ngayo, ungayisika, okanye usika *oku*, ungayisika, okanye nantoni oyifunayo. Oko ayisosipho sikaThixo. Yabona? Hai.

²⁰⁵ Isipho sikaThixo siyindlela onayo yokuzisusa endleleni. Kwaye izipho nobizo zingomiselo ngexa elingaphambili lukaThixo. “Izipho nobizo zikwa nkqu ngaphandle kwenguquko.” Uzalwa naso. Igiyara encinci othi uzitsalele ngaphaya ngaphakathi, kodwa akunanyathela emcepheni. Yabona? UThixo kufanele ayenze. Kufuneka wena uzisuse endleleni.

²⁰⁶ Ukhohlo lwakho lungayisebenza, hai olwam; olwakho. Olwam luyisusa nje endleleni. Kholwani ngentliziyo yenu yonke ukuba uYesu Kristu uyaphila namhlanje.

²⁰⁷ Sukweyama kokwakho ukuqonda, uthi, “Kulungile, ngoku jonga, ndi—ndikubume obubi kakhulu, mzalwana. Akundazi mna. Ndibe ndikwesi situlo samavili. Ndibe ndi . . .”

²⁰⁸ Andikhathali oko ube ukuko, kwaye ubone ukuba uThixo akanakuhla eze aze enze ngokuchanekileyo ngohlobo Awenza ngalo xa Wayelapha emhlabeni kumzimba wenyama. Uyakuyenza emzimbeni wakho, emzimbeni wam, sonke ngokudibeneyo njengentlanganisela sikholelwa Yena. Uyakuyenza ngokuba Uthembisile Uyakuyenza.

²⁰⁹ Ngoku sukweyama ngoko umntu othile athe, “Owu, oko lu—olo lufundo lwengqondo,” abathi baYibize. Bathi uYesu wayeyinto ekwanye. Bathi Wayengumvumisi, “umtyholi.” Kodwa WayenguNyana kaThixo, ngokuba Wayengokwesithembiso seLizwi likaThixo.

²¹⁰ Ngoku, njengoko nditshilo, ezethu—ezethu iindawo, akudingeki sibenako okuya, ukuza apha sibeke izandla ebantwini. Sizibekile izandla kubo phezolo. Kodwa into ekuphela kwayo ekufuneka nibe nayo lukhohlo, uze emva koko uqaphele. Ngokhohlo uyayamkela, ngokhohlo. Hai—hai nangenye into ethi . . .

Musa ukuthi, “Kulungile, ngoku ingenziwa njani?”

²¹¹ Ukuba ndingakuxelela indlela eyenziwa ngayo, ngoko ayisayi kuba saba lukhohlo. Andiyazi yenziwa njani. Andiyazi, kodwa ndiyayikholelwa. A—andiyazi uThixo umsindisa njani—njani umoni, kodwa Uyakwenza. Andiyazi uThixo wenza njani nayiphi yezi zinto, kodwa ndiyayamkela. Yena, Yena uyayenza,

kwaye leyo yindlela. Ngokuba, andinakuyicacisa. Ngoku, kuhle, ndi. . . Ayisokuze icaciswe. Akukho namnye onakho. Ngokuba, ukuba uyayenza, ngoko ayiselulo ukholo ngaphezulu.

²¹² Andiboni kanjani uThixo noKristu bangaba nguMntu okwamnye, kodwa Babenjalo. ISibhalo sitshilo. Kuhle, akunakuyicacisa, kodwa, Babenjalo. “UBawo wam ukuM. AsindiM owenza imisebenzi; nguBawo waM kuM. Ukuba Andenzi imisebenzi Yakhe, ngoko oko kubonisa AndingoWakhe. Kodwa ukuba Mna ndenza imisebenzi Yakhe, ngoko Uyangqina ngoKwakhe ukuba Mna ndingoWakhe.”

²¹³ Kuhle, iyinto ekwanye ngoku, ngokuchanekileyo into ekwanye. Isenguye izolo, namhlanje, naphakade, ukuba uyakukholelwa.

²¹⁴ Ngoku kukho indoda ehleli kanye apha phambi kwam, inewele ezimnyama. Inewotshi esihlahleni sayo; isuti emnyama. Inxibe iindondo. Ukuba ungajonga kanye apha, uyayibona ihleli namehlo ayo evaliwe, ithandaza. Andiyazi laa ndoda. UBawo waseZulwini uyayazi andiyazi. Kodwa nje ndizakujonga kuyo nje umzuzu, kuba ikhangeleka ngokungathi inyanisekile, ihleli phaya. Kusukela oko ndichaphazele, indoda isuke yavala amehlo ayo yaze yaqalisa ukuthandaza. Indoda ayaziwa ndim, oko ku, ezandleni zam. Andiyazi. UThixo uyayazi laa ndoda, kwaye Angatyhila kum. Ukuba esa sithembiso siyinyaniso eBhayibhileni, Angatyhila kum oko amehlo alaa ndoda avalelwe yona, kunye noko ithandaza malunga nako. Niyakukholwa oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

²¹⁵ Uyayikholelwa, mhlekazi? Ukuba unokuvula amehlo akho, uhleli kanye apha, jonga kanye apha. Uyakukholwa oko? Kulungile. Ngoku uyazi andikwazi. Singabangazaniyo omnye komnye. Kodwa uThixo uyakwazi. Ngoku yaqalisa ukulila, ukuntywizisa. Ngokuba, ndingayixelela ngoku ukuba uThixo uzakuphendula isicelo sayo, yabona, ngokuba oko koko kubethe yona kanye ngoko, okwa kuKhanya; kusuka ethinzini, kwaguqukela ekuKhanyeni. Yabona?

²¹⁶ Ngoku, indoda, ithandazela umntu ongomnye, kwaye lowo yile incinci inkwenkwe ihleli ngaphaya apha ngakuyo. Lowo ngunyana wayo. Injalo lonto. Ngoku, laa nkwenkwe incinci igula lu—luphazamiseko lwesisu, kwaye kananjalo into ethile ayilunganga ngamathumbu ayo. Injalo lonto. Injalo lonto.

²¹⁷ Abasuki apha. Anisuki e-Arizona. Ningabase California. Injalo. Kwaye ungumlungiseleli, kwaye ubudlelwana bakho bukunye ne Assemblies of God. Oko yinyaniso. Mfu. McKeig ligama lakho, okanye, Mfu. Keig, injalo lonto. Ingaba yinyaniso leyo? Wangazelisa izandla zakho ngolu *hlobo*. Ngoku inkwenkwe yakho encinci izakuphila. Yabona? Ukholo lwakho!

²¹⁸ Ngoku intoni? Ngoku nantsiya indoda inezandla zayo ziphakanyiselwe phezulu, ayindazi, andiyazi. Kodwa

ibiyintoni? Ichukumise uMbingeleli oMkhulu. Ngoku, yabona, ibingenakweyama kokwayo ukuqonda. Ngoku yintoni emayikwenze, yintoni ekwenzayo ngoku? Kufuneka ikholwe oko ibikuxelelwe, inyaniso, kuba iyazi ayindazi mna. Injalo lonto.

²¹⁹ Naku, naku kuhleli umfazi kanye ezantsi apha phambi kwam, kananjalo, unentloko yakhe iqutyudiwe. Ugula ngumhlaza. Naye usuka eCalifornia. Ndiyathemba akakuphosi oku. Nkszn Adams. Elo ligama lakhe. Andizange ndambona ebomini bam. Ehe, oko yinyaniso.

²²⁰ Kukho inenekazi elihleli kanye ngasemva *apha*. Andinako nje ukubeka eyam...nje ukwalatha kulo, kodwa ndibona ukuKhanya kujinga phezu kwakhe. Ungene nzulu engxakini. Linengxaki nentamo yalo, into enye. Kwaye enye into, li—line—ne—nengxaki yokomoya, ixhala elinengxaki ngayo. Kwaye linengxaki yasekhaya; intombi yalo isandula kubaleka yemka. Injalo lonto. Leyo yinyaniso, ayinjalo? Linesandla salo phezulu. Nksk. Miller. Injalo lonto. Uyakholwa? UThixo uyakumbuyisela emva, aphilise umzimba wakho. Ngoku, andizange ndambona ebomini bam. Ngokupheleleyo ungongaziwayo ngokugqibeleleyo kum.

²²¹ Nali inenekazi lihleli apha, isihlwele. Ali—alisuki apha, nalo lisuka eCalifornia. Linomhlaza, kwaye umhlaza usebeleni lalo. Belityandiwe kwibele elinye, kwaye iye kwelinye icala. Injalo. Nkszn Calvin. Injalo lonto. UYakholwa ukuba uThixo uyakukwenza uphile? Yikholwe. Ndingongaziwayo kuwe, nenekazi. Andikwazi. Leyo yinyaniso. Yabona? Lingumhlaza.

Ukuze ubenakho ukwazi ukuba uThixo ukhona!

²²² Kukho inenekazi elihleli kanye ecaleni kwalo. Igama lalo nguNksk. Harris. Ungongaziwayo ngokupheleleyo kum. Kodwa xa uMoya ubethe lo mfazi, naye unovelwano kunye naye. Kwaye usuka eCalifornia. Injalo lonto. Kwaye unengxaki negxalaba lakhe. Injalo lonto. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa. Ukuba oko yinyaniso, phakamisa isandla sakho ukuze abantu babe nokubona; ongaziwayo ngokupheleleyo.

²²³ Ungeyami kokwakho ukuqonda. Yintoni enokwenza okuya? Akunakukucacisa okuya. Ngumnqa. Ingaphaya kokucaciswa. Buza abo bantu; andizange ndababona ebomini bam, zange ndazi nanto malunga nabo. Ingaqhubeka nje emhlanganweni.

²²⁴ Kodwa, ngoku jonga, sukweyama kokwakho ukuqonda. Kodwa yoyama koko Akuthembisileyo, okokuba Uyakukwenza; ukuba oko asinguye uMoya okwamnye owawuhlala enyameni yomntu, owathi wayazi ukuba uSarah wahleka ententeni, emva kweNdoda. Ingaba injalo? Kwaye Uthembisile, nje ngaphambi kokutshatyalaliswa kwehlabathi ngomlilo, xa uNyana womntu ayakuZityhila kwakhona ngohlobo olunye, njengo—ngoNyana womntu (isiprofeto) uyakuZityhila enyameni yomntu njengoko

Enjalo apha kunye nathi ngobu busuku, njengoko Wenzayo ngoko. Ngoku yeyiphi iyure esiphila kuyo? Nje kufutshane nentshabalaliso.

²²⁵ Sihlobo, sukuma apha, akusenguye, umoni. Yamkela uYesu Kristu ngelixa useBukhloneni Bakhe. Ngoku, ndiyazi, ngokwasesiqhelweni kusesikweni okokuba abalungiseleli benze isicelo kwaye babalise amabali, malunga nomama ofileyo nomkileyo. Kulungile konke oko. Kodwa asizi phezu kwezizathu zomama wethu othe wafa. Umama wama ufile, naye; utata wam, ngokunjalo. Kodwa siza apha, ngokuhlakaniphileyo, sisamkela phezu kwezizathu zikaThixo ezibonakalisa Yena kuYesu Kristu, ukususa izono zehlabathi. Siyeza kwaye sikholwe phezu kweSicamagushelo. Kwaye ngelixa Angqinele iLizwi Lakhe. . .

²²⁶ Andikhathali leliphi ibandla oye kulo, Wisile, Bhaptizi, Katolika, Rhabe, okanye akukho bandla konke konke. Ukuba uyakuvuma ukuba uyiqonde ngokwahlukileyo, kwaye uyayazi ukuba zange ngenene wazalwa ngokutsha, kodwa uyafuna, kwaye ufuna ukusamkela ngoku, isithembiso ngoku. Ungangazaliswa ngoku, kodwa uyakuzaliswa xa i . . .njengoko imihlangano iqhubeka. Ufuna ukusamkela phezu kwezo zizathu, ungema ngeenyawo zakho kwaye undivumele nje ndenze umthandazo ngawe kanye apho ume khona. Wonke ubani ngaphakathi apha owaziyo. . .

²²⁷ Sukweyama kokwakho, kuhle, uthi, “Ndithethe ngeelwimi.” Ngoku, oko akunanto yakwenza nayo. Ndiyakholelwa ekuthetheni ngeelwimi, nam.

²²⁸ Kodwa ndiwabonile amagqwirha, amademoni, nayo yonke into engenye, ithetha ngeelwimi kwaye azitolike. Injalo lonto. Buza iimishinari ezantsi apha, singafumanisa, uMzalwana uCreech, kwaye nani niyayazi ukuba injalo. Ndibabonile bethetha ngeelwimi, baze basele igazi liphuma kukhakhayi lomntu, babize kumtyholi. Ngokuqinisekileyo. Ndibabonile bona bebeka ipensile phantsi, kwaye iyakuma ize ibhale ngelwimi elingaziwayo, kwaye igqwirha, okanye, umthakathi eme phaya, alitolike.

²²⁹ Ke ukuthetha ngeelwimi asilophawu unawo uMoya oyiNgcwele. Ukuba oko, kwaye ukuba uthetha ngeelwimi uze uphike eli Lizwi, kukho into engalunganga ndaweni ithile. Injalo, uh-huh, injalo. Sukweyama kokwakho ukuqonda.

²³⁰ Umntu othile ngoku, uthi, “Kuhle, ndiyikhwazile.” Ndenzile nam. Kodwa sukweyama kokuya.

²³¹ Ndizibonile zonke iintlobo zamandla edemoni ekhwaza kwaye ekhala. Ndiwabonile amaMohamedi ekhwaza kwaye ekhala de, azenze afikelele kwindawo enjeya, babenakho ukufaka amaceba ezandleni zabo. E-Indiya, ndibabonile bekhala kwaye bekhuma-xhuma, bathathe ibhola yamanzi,

namagwegwe kuyo, baze bawatyhalele esikhumbeni sabo baze bahambe kumalahle omlilo oshushu, injalo, bephika uYesu Kristu.

²³² Yabona, sukwenyama kokwakho ukuqonda, kodwa phezu kweLizwi likaThixo. Ukuba ubomi bakho abumelani, nale Bhayibhile, ukukholelwa lonke iLizwi eliphaya; kwaye ufuna ukulikholelwa, kwaye ufuna uThixo asebenze intando Yakhe ngawe, ngokuba ungabayinxalenye kaThixo, ungema kwaye uthi, “Ndiyakulamkela kanye ngoku, mzalwana.” Enkosi. Enkosi. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Mmangaliso. UThixo akusikelele. Wanga uThixo anganikeza kuwe, konke oku kunyaniseka. Uthi . . . Nje—nje qhubeka umile, nje . . .

²³³ Uthi, “Ndililungu lecawa, Mzalwana uBranham, kodwa ngokwenene ndingumPentekoste; kodwa xa ifika ngenene ekuyitshoni ngenene ndingakholwa ukuba lonke ela Lizwi liyiNyaniso, andinakho nje ukuyenza, kodwa ndi—ndifuna ukuyenza. Ndincedeni, ndithandazeleni. Ndifuna ukuma ndize ndithi, ‘Ndi—ndi . . .’” Uthi, “Kuhle, jonga, ndihleli apha, okanye ndingqinile kweli bandla ndinjalo, ukuba bendikho.” Kodwa uyazi, ezantsi entliziyweni yakho, akunjalo. UThixo uyayazi akunjalo, naye, yabona, ke kutheni ungemi nje? Sukweyama kokwakho ukuqonda, kodwa yoyama eLizwini Lakhe.

²³⁴ Ningema, abanye ngaphezulu? Nabani ongomnye ofuna ukuma? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, wena. “Thixo, ndincele.” UThixo anisikelele nonke. Oko kulungile. Qhubekani nje nimile.

²³⁵ Uthi, “Ingaba okuya kuyakundenzela into elungileyo?” Yima ixesha libe linye, jonga ukuba iyayenza. Bhekiselela kuyo ngokwenene, “Ndifuna, Mzalwana uBranham, ndifuna ukulunga. Ndifuna ukulunga.”

²³⁶ Ngoku, andithi shiya ibandla lakho. Hayi, mhlekazi. Hlala kanye phaya apho ukhoyo, nje yiba ngowenene umntu ozaliswe nguMoya oyiNgewele kwela bandla. Uthi, “Kulungile, andiyazi yintoni aya kuyitsho umalusi wam.” Uyakukuncoma ukuba unjalo, ukuba umalusi yindoda kaThixo. Injalo lonto.

²³⁷ “Malukhanye ukhanyiso lwakho phambi kwabantu ukuze babe nokuyibona imisebenzi yakho emihle baze bazukise uBawo wabo.”

²³⁸ UThixo akusikelele. Kuhle, uThixo anisikelele nobabini, nawe; nawe, mzalwana, wena. UThixo akusikelele, ngamnye. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele ezantsi apha.

²³⁹ Ngoku nina abaphakamileyo, ukuba niva ngcono emva kokuphakama, phakamisani nje izandla zenu ukuxelela abanye ukuba niziva ngcono malunga nayo emva kokuba niphakamile.

Yabona, sonke isandla. Ngokuqinisekileyo, niyenza. Yabona, ninyanisekile. Nimile, nithi, “Ndiyakuba lingqina.”

240 “Lowo uyakundimela Mna apha, Ndiyakummela Phaya. Lowo unentloni ngamI apha phambi kwabantu, Ndiyakuba nentloni ngaye phambi koBawo waM neeNgelosi ezingcwele.” Sukubanentloni ngaYe. Sukweyama kokwakho ukuzathuza. Yoyama phezu kweLizwi likaThixo. “Lowo uyakuNdivuma phambi kwabantu, yena Ndiyakumvuma phambi koBawo waM neeNgelosi ezingcwele.”

241 Ingaba kungabakho abanye ngaphezulu, nje ngaphambi kokuba sithandaze? Masiqubude iintloko zethu ngoko. UThixo akusikelele, dade. Ngokuqinisekileyo. UThixo akusikelele, nawe, mzalwana. Ngokuqinisekileyo. Kuyakubakho omnye, nje ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe? UThixo akusikelele, wena. Ngoku, injalo lonto, nisamile. Siyakulinda nje umzuzu, nje umzuzu. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele. Uthi, “Ingaba ithetha kwanto, uthi, ‘UThixo akusikelele?’” Oko kukubiza iintsikelelo zam kuwe. UThixo akusikelele.

242 Abanye benu abame ngaseludongeni, apho ningenandawo yokuhlala phantsi, ningakhe nje niphakamise isandla senu, nithi, “Mna, Thixo, ndim”? UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, nawe; nawe, dade; nawe, mzalwana wam; nawe, dade wethu.

243 Owu, uMoya oyiNgcwele uhamba kamnandi kakhulu phezu kwesihlwele. Ingaba niyawuva Wona? UThixo akusikelele, ndodana phezu apha eqongeni. UThixo akusikelele, ngaphaya ekoneni. UThixo akusikelele, mfo omncinci. Ewe.

244 Owu Moya oyiNgcwele, hamba ngokutsha ezintliziyweni zethu ngoko. Sibonise ukungalungisi kwethu, Nkosi. Asi... Asisayi kweyama kokwethu ukuqonda, ukuzathuza kwethu. Kodwa soyame phezu Kwakho, ngokuba siyazi ukuba simi kweSakho esiNgcwele, esingqinelweyo isithembiso sanamhlanje. Uzenze Wena waziwa ngaphaya nakokuphi, ngaphaya nakokuphi ukuzathuza. Asinakuzathuza singenakho nokuyicacisa. Kodwa Uye wehlela kanye ezantsi apha phakathi kwethu ngoko, kwaye wazazisa kuthi ukuba Wena ulapha, kwaye amadoda nabafazi bayakukholelwa oko kwaye bayakwamkela.

245 Thixo, thabathela esifubeni Sakho ngamnye kubo, kwaye ubazimelise kwiLiwa Lakudala ide igqithe imililo. Silungiselela ukutshiswa, Nkosi. Siyayazi. Sibuyele eSodom. “Kodwa ilungisa aliyi kutshabalala nabenetyala.” Uyakubabiza abantwana Bakho, Nkosi. Wamxelela uLote, “Phuma phaya. Phuma.” Ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngamnye okula meko ngobubusuku, ophandle phaya, abangaqinisekanga apho beme khona...

246 Thixo, abayi kuthatha thuba ekuyeni ezantsi ngesitrato esindlela-nye, ngendlela engalunganga. Abayi kuthatha thuba ngokuwela isibane esibomvu, ukuba basezingqondweni ezilungileyo zabo, ngokuba basenokubulawa. Ngoko angathini umntu athathe ithuba kwisiphelo sabo saNaphakade, nje ukuqikelela, ukuthelekelela, ukudela ingozi ngaphandle kwegunya lenene lokudela ingozi, ngokuba bangabecawa okanye ihlelo? Kwaye ngenene abanakho—abanakho ukuqonda indlela elaa Lizwi likaThixo lingaba lilo namhlanje njengoko laLinjalo ngoko, zingathini ezi zithembiso ukwenziwa zibonakale, isigaba sabapostile siphelile. Bancede, Bawo. Ndibanikela kuWe eGameni likaYesu Kristu. Amen.

247 Enkosi, mzalwana wam, dade. Ndivuya kakhulu ukukubiza mzalwana wam, dade.

248 Khumbula, uThixo uyakundenza ndiphendule ngalo lonke ilizwi, ngoMhla woMgwebo. Yonke into endithe ndayishumayela ngobubusuku, kufuneka ndiphendule ngayo. Ndiyakuqonda oko. Kwaye oko ndikwenzile kusukela ndiyinkwenkwe encinci, ndishumayele leVangeli, emva koko ndibe ngumlahlelwa ngaphandle?

249 Ngoku bangaphi kuni abagulayo nabaxhwalekileyo, apha ngobubusuku, kwaye nifuna ukuthandazelwa? Phakamisani isandla senu. Ngoku ningandenzela nje into ibenye ngaphezulu? Bekani izandla zenu omnye komnye. Bekani izandla zenu omnye komnye. Wonke umntu athobise intloko yakhe ngoku, kwaye nje ngokuba ubunjalo enkonzweni, phezulu apha eqongeni.

250 Thixo othandekayo, eGameni likaYesu Kristu, neloBukhona Bakhe, obungqinelweyo uBukhona! Elona Lizwi ebelishunyayelwe, liqinisekisiweyo okokuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Mawuthi uMoya oyiNgcwele kaThixo utshayele phezu kwesi sihlwele sabantu kanye ngoku. Abaninzi babo bazile ukuza kwamkela Wena njengoMsindisi wabo, abaninzi abagwiliki bakwaMkele baze babuyela. Owu Thixo, ndiyathandaza eGameni likaYesu Kristu, okokuba Uyakuphilisa wonke umntu. Uthe, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo; ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.” Uyithembisile, Nkosi, kwaye abantwana abakholwayo banezandla zabo zibekwe omnye komnye.

251 Sathana, woyisiwe. Phuma kwaba bantu, eGameni likaYesu Kristu. Bayeke abantu bahambe, ukwenzela isizathu sobuKumkani bukaThixo, eGameni likaYesu. Amen.

252 Bonke abo bakholelwa ukuba uYesu Kristu ngoku unguMphilisi wenu, kwakunye noMsindisi wenu, kwaye nifuna ukwamkela Yena phezu kwayo loomihlaba minye, yimani ngeenyawo zenu, nithi, “Mna ngoku ndamkela uYesu njengomMphilisi wam, kwakunye noMsindisi

wam.” Mmangalisi! Bonga iNkosi! Bulela iNkosi! Ngoku masiphakamise izandla zethu size sicule kuYe.

NdiyakuMbonga, ndiyakuMbonga,
Bonga iMvana ngokuxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko, nonke bantu,
Ngokuba iGazi Layo lahlamba lasusa lonke
ibala.

²⁵³ Owu, anizivi mrandi? Wangazelisani izandla zenu. Owu, bethu! Masiyicile kwakhona.

NdiyakuMbonga, ndiyakuMbonga,
Bonga iMvana ngo... (Khumbulani, “nguye
izolo, namhlanje, naphakade,” laa Mvana
yiyo.)
Mnikeni uzuko Yena, nonke bantu,
Kuba iGazi Layo lahlamba lasusa lonke ibala.

²⁵⁴ Niyakuthanda oko? [IBandla liyakhwaza, “Haleluya!”—Mhl.] Amen. Masifikelele ngaphaya size sixhawule izandla kunye nomnye. Oku kukuqhekeka komhlangano, ukuqala inkomfa. Yithi, “UThixo akusikelele, mzalwana, mphambukeli. UThixo akusikelele.” Kuhle oko. Kulungile oko. Kuhle kakhulu! Ngoku niyakholwa sizakuba nenkomfa enkulu emva kwayo lena? [“Amen.”] Sibulela uThixo ngomhlangano omkhulu, ngoku sizakuba nenkomfa enkulu. Bonke abo bayikholelwayo, mabathi, “Amen.” [“Amen.”]


Lukhangela kuWe Ukholo lwam,
Wena Mvana (Masijonge kuYo ngoku.)
iKhalvari,
Owu Msindisi oNgcwele;
Ndive ngoku ngelixa ndithandaza,
Susa sonke isono sam,
Owu, ndenze ukusuka ngalo mhla
Ndibe ngoWakho ngokuzeleyo!
Ngelixa ndisacanda udada lobomi,
Nentlalo enzima indirhangqile,
Yiba nguMkhokeli wam Wena;
Shenxisa ubumnyama bube yimini,
Sula lonke usizi loloyiko,
Owu, ndenze ukusukela le mini
Ndibe ngoWakho ngokuzeleyo!

²⁵⁵ Amen! Ibandla lithe, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Haleluya!

Owu, bonga Yena,
Bonga iMvana ngokuxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko, nina nonke bantu,
Kuba iGazi Lakhe lihlamba lisuse lonke ibala.

Imangalisa kanjani!

²⁵⁶ Kulungile, singaqubuda iintloko zethu ngoku ukwenzela ufefe. Andazi ngubani obekhethelwe ukwenza lona. Mzalwana uJohnny Manadal, osuka eCalifornia, ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe. Ngoku ningalibali ngomso ebusuku, lowo ngowokuqala, ukuqala. Ngomso ebusuku, inkomfa iyakuba kanye apha, kanye apha kweli holo, ngecala leyesixhenxe.

²⁵⁷ UThixo anisikelele. Ingaba nibonwabele uBukhona bukaThixo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Amen. Ngoku masiqubude intloko yethu ngelixa uMzalwana uJohnny esindulula. 

UNGAYAMI KOKWAKHO UKUQONDA XHO65-0120

(Lean Not Unto Thy Own Understanding)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoLwesithathu, ngoJanywari wama-20, 1965, ukwenzela inkomfa Yehlabathi Yobudlelwana Bamadoda Angoosomashishini eFull Gospel eRamada Inn ePhoenix, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org